

**OXFORD XHOSA GRAMMARS**

# **ULWIMI LWAKOWETHU**

**IBANGA III : SISAGAQA**

**IBANGA IV : SESIQINGQA**

**ngu -**

**H. W. PAHL**

**no -**

**S. DAZANA**

**OXFORD UNIVERSITY PRESS**

A  
496  
371105  
PAHL

African Studies Seminar  
BA A 496.371105 PAHL  
69/7762



UNIVERSITY OF CAPE TOWN LIBRARIES

OXFORD XHOSA GRAMMARS

ULWIMI LWAKOWETHU



IBANGA III: *SISAGAQA*

IBANGA IV: *SESIQINGQA*

ngu-

H. W. PAHL, B.A., B.Sc.

no-

S. DAZANA, B.A.

*Second Edition*

Cape Town

OXFORD UNIVERSITY PRESS

1968



*Oxford University Press, Ely House, London W.1*  
GLASGOW NEW YORK TORONTO MELBOURNE WELLINGTON  
CAPE TOWN SALISBURY IBADAN NAIROBI LUSAKA ADDIS ABABA  
BOMBAY CALCUTTA MADRAS KARACHI LAHORE DACCA  
KUALA LUMPUR HONG KONG TOKYO  
*Oxford University Press, Thibault House, Cape Town*

*First published 1957*  
*Second Impression 1959*  
*Third Impression 1961*  
*Fourth Impression 1964*  
*Fifth Impression 1965*  
*Sixth Impression 1966*  
*Seventh Impression 1967*  
*Second Edition 1968*

E 419

A 496.371105 PAHL  
69/77 62

6

PRINTED BY  
THE STANDARD PRESS LTD  
CAPE TOWN SOUTH AFRICA  
B 4191 XLH


ESTUNDO 1

YABITTO

# ULWIMI LWAKOWETHU



IBANGA III



SISAGAQA

THE WYMI WAKOWETHI

---

IRANGA III

---

SISADAO



# ISIFUNDO 1

## IZIBIZO

**Umntu, inkomo, umthi, indlu, isitya, isikolo, ubusi, umfana inkwenkwe, utata.**

La ngamagama abantu nawezinto. Amagama abantu namagama ezinto kuthiwa ukubizwa kwawo **zizibizo**.

### *Umsebenzi 1*

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izibizo:

1. Utata ulima umbona.
2. Usisi upheka umngqusho.
3. Umama ukha amanzi.
4. Ndiyazalusa iinkomo zakowethu.
5. Sizingela iintaka xa siye kwalusa.
6. ONomsa badlalisa onopopi babo.
7. Zezam ezi ncwadi.
8. Ibhokhwe katata iyasengwa.
9. Inkwenkwe engevayo iyohlwaywa.
10. Utitshala ufundisa abantwana.

*(Abantwana mabanikwe ezinye izivavanyo ezilolu hlobo.)*

### *Umsebenzi 2*

- (a) Yenza izivakalisi ezinezi zibizo:  
inja, utata, imithi, amanzi, ipesika, abantwana, incwadi, uphondo, ukutya, imoto.
- (b) Bhala izivakalisi ezinezi zibizo:  
igqabi, amagqabi, usisi, osisi, ucango, iingcango, iliso, amehlo, isitshixo, izitshixo.

# ISIFUNDO 2

## IZENZI

1. **Ndifunda** kwibanga lesithathu.
2. **Abantwana badlala phandle.**
3. **Abantu bavuna umbona.**
4. **Intombazana itheza iinkuni ehlathini.**
5. **Khawulezani nashiyeka.**
6. **Ufikile uFungiwe.**
7. **Ilanga laphuma sisendleleni.**

Qwalasela la magama abhalwe ngqindilili. Asixelela ntoni? Asixelela izinto **enzeniwayo** okanye **enzenekayo ngoku** okanye **enzenekayo kudala**. Igama elinjalo libizwa ngokuba sisenzi.

### Umsebenzi 3

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi:

1. UThemba walusa impahla yakowabo.
2. Siqubha emlanjeni xa lishushu.
3. Usisi ukha amanzi emlanjeni.
4. Thabatha iincwadi zakho ugoduke.
5. Fundani ngenyameko ukuze niphumelele.
6. Ikhonkotha ntoni na le nja?
7. Ndihlatywe ngameva elunyaweni.
8. Imvula ine iintsuku ezimbini, yatsho indlu yona yadilika, sanetha thina samanzi.
9. Hambani niye kutheza iinkuni ukuze sibase umlilo omkhulu.
10. Bafikile na abantwana?

### Umsebenzi 4

Yenza izivakalisi ngezi zenzi zilandelayo:

- (a) ukufika, ukubaleka, ukubhala, ukudlala, ukunqanda, ukuhlamba, ukuthunga, ukuqhatha, ukuthenga, ukuzamisa.



- (b) ukuphuma, ukuphumla, ukurawuzela, ukuhleka, ukulila, ukunxiba, ukukhasa, ukuthuthuzela, ukugoduka, ukuphalaza.

### *Umsebenzi 5*

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha (a) izibizo (b) nezenzi:

1. Umtshato wakowethu uphele izolo.
2. Betha intsimbi, kuba izikolo zivuliwe.
3. Iibhokhwe zam zibiwe ngamasela.
4. Sebenza khona ukuze uphumelele.
5. Akahambi na usisi namhlanje?
6. UNompumelelo ukha amanzi emthonjeni na?
7. Ndifundisa abantwana esikolweni.
8. Onongendi bafika sithunga iilokhwe zethu.
9. Ndafika ngoratya ekhaya, ndacela ukutya.
10. Nditya ukutya ngecephe lam, andityi ngelakho.

*(Abantwana mabanikwe izivavanyo ezilolu hlobo zibe liqela).*

## ISIFUNDO 3

### EZINYE IZENZI

Khangelisisa la magama abhalwe ngqindilili kwezi zivakalisi zilandelayo. Phawula okokuba nawo **zizenzi**, kuba asixelela into eyenziwayo ngoku nokuba yinto eyenzekayo kudala okanye into eza kwenzeka.

1. **Ndiyazalusa iinkomo zakowethu.**
2. **Siyazingela xa siye kwalusa.**
3. **Siya kuphuma emalanga esikolweni.**
4. **Uyambona uLiziwe?**
5. **Wawuthula entloko umthwalo wakhe.**
6. **Amakhwenkwe aya kukhandisa iintaka ngezigu.**
7. **Bayaphumla bakudinwa.**
8. **Baza kufika ukutshona kwelanga.**
9. **Ndiza kuthetha ndakunikwa ithuba.**

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi:

1. Bayasebenza ukuze baphumelele.
2. UMvuleni uyalusela ubisi.
3. Ndiza kulala, kuba ndiyagula.
4. Aza kubuya na amantombazana ehlathini?
5. Siya kubhabhisa iintaka ngezabatha.
6. Ndiyacela bazalwana bam.
7. Uyandithanda na uNoqaqaqa?
8. Baza kumgxotha ebuhlanti uMawonga.
9. Bendithetha noMzingisi.
10. Baza kuhamba emva kwentlanganiso.

## ISIFUNDO 4

### ISIVAKALISI

**Utata uneenkomo ezininzi.**

Le ntetho yintetho efezekileyo, intetho evakalayo. Intetho enjalo ke kuthiwa **sisivakalisi**, kuba iyavakala.

Nezi ikwazizivakalisi:

1. *Umlambo uyagquma.*
2. *Ndibonisele iinyosi izolo.*
3. *Ndiza kuziphakula namhlanje.*
4. *Bumnandi ubusi, ndiyabuthanda.*

Ezi ntetho zilandelayo azifezekile: **abantu abadiniweyo babe**, okanye: **bakuba befikile**, kuba asixelelwa into ababeyenza nabayenzayo. Ayicacile into ethethwa apha, ngoko ke asizozivakalisi ezo.

Kodwa ukuba sithi: **abantu abadiniweyo babephumla**, okanye: **bakuba befikile basibalisela iindaba**, izinto ekuthethwa zona ziyafezeka, size ke siziqonde izinto ezithethwayo. Ezo ke **zizivakalisi**.

## Umsebenzi 7

Khetha izivakalisi ezifizekileyo:

1. Abantwana bam baye.
2. Ukuba ebefkile.
3. Andazi nokuba.
4. Ndiyathetha.
5. Ndiza kukubonisa into entle.
6. Yiza!
7. Uyandibona na?
8. Wahamba.
9. Ndimboleke imali.
10. Lala.
11. Amantombazana afundayo aye.
12. Iinkomo ezifileyo ziya.
13. Guqukani!
14. Nize ningashiyeki.

## ISIFUNDO 5

### ONOBUMBA ABAKHULU

Isivakalisi ngasinye siqala ngonobumba omkhulu. Isiphelo saso sibonakaliswa ngesingxi okanye ngophawu lombuzo.

*(Abantwana ke ngoku mabakhe babuyele emva kumsebenzi wokuqala de kuye kowesi-5, apho ke baqaphele onobumba abakhulu neempawu zemibuzo nezingxi. Kwakhona, mabaqaphele onobumba abakhulu neempawu zemibuzo nezingxi kwiincwadi zabo zokufunda.)*

## Umsebenzi 8

Bhala onobumba abakhulu neempawu zemibuzo nezingxi apho zifanelekileyo:

1. khawundiphe amanzi ndinxaniwe



2. sinamatakane alishumi kowethu
3. ufuna ntoni ngoku
4. lihle ibhabhathane
5. nanzi iinkomo zingena emasimini
6. ufikile na uyihlo
7. masiye kukha amanzi
8. ndihlamba umzimba wam yonke imihla
9. loo nto uyithethayo ndiyayiva
10. agodukile na amakhwenkwe
11. andimfuni umntu onqenayo
12. yizani kum nonke makwedini
13. usaphila na udade wenu
14. intloko yam ibuhlungu kakhulu

## ISIFUNDO 6

Amagama abantu naweendawo aqalwa ngonobumba omkhulu ukubhalwa, njengala:

**uThemba, uZenzile, uNoshumi, uSipho, Liziwe, eMonti, eMthatha, kuQumbu, kuTsolo, eBhayi.**

Phawula le nto: elokishini, edolophini, ebuhlanti. La ngamagama eelokishi, edolophu, eentlanti zonke; kanti uMthatha mnye, iMonti inye, njalo-njalo (njl). Ngokuba iintlanti zonke zibizwa ngelo gama, needolophu, neelokishi, loo magama aqalwa ngonobumba omncinane, kuba asingawo amagama endawo enye.

**Khumbula le nto:** Unobumba ekuqalwa ngaye ukubhala igama lendawo nelomntu nonobumba ekuqalwa ngaye uku-bhala nasiphi na isivakalisi, ubhalwa abe ngunobumba omkhulu. Khawukhangele ezi zivakalisi:

1. *UThemba walusa iigusha zikayise.*
2. *UNoshumi uyangqusha.*
3. *IQonce yidolophu enkulu.*
4. *Idolophu ekufutshane nesikolo saseMthwaku nguQoboqobo.*

### *Umsebenzi 9*

Yenza izivakalisi ezinala magama: (Ungalibali ukufakela onobumba abakhulu, neempawu zemibuzo, nezingxi apho zifanelekileyo)

ufikile, uFikile, libomvu, umbungu, amagqabi, uDumile, eBhofolo, eDikeni, eLusuthu, kwaMhlontlo, uThemba, eThekwini.

### *Umsebenzi 10*

Gqibezela ukubhala ezi zivakalisi, ungalibali ukufakela onobumba abakhulu, neempawu zemibuzo, nezingxi:

1. imvula ine .....
2. u..... ufunda esikolweni sase.....
3. ndinxibe i..... ne.....
4. idolophu yase..... ikufutshane nolwandle
5. umfazi uya.....
6. bafikile na..... besikolo sase.....
7. umntwana uyalila, kuba.....
8. khawuze nekofu nomhle, sikhe si.....
9. imvula ..... na
10. u..... no..... ngonyana baka..... wase.....

## ISIFUNDO 7

### ISINYE NESININZI SEZIBIZO

**Umntu.** Esi sibizo sisixelela ngomntu omnye kuphela, sibonisa ke ngoko **isinye** somntu.

**Abantu.** Esi sibizo sisixelela ngabantu abaliqela, sibonisa ke ngoko **isininzi** sabantu.

Ngokukwanjalo ke ezi zibizo zilandelayo zikwisinye:

**indlu, umthi, icephe, uango, isibonda, uVelile, uma.**

Ezi zilandelayo zikwisininzi:

**izindlu, imithi, amacephe, iingcango, izibonda, oVelile, oma.**

### *Umsebenzi 11*

Jika ezi zibizo zibe kwisininzi:  
Isitya, ukhuko, imvu, intloko, inkomo, intsimi, idlelo, ilifu, isisu, isandla, umnwe, umlambo, utata, umlimi.

### *Umsebenzi 12*

Jika ezi zibizo zilandelayo zibe kwisinye:  
iibhokhwe, iintaba, abalusi, iindonga, izibane, amakhwenkwe, iintlobo, izintlu, abazali, imifula, iintlanti.

### *Umsebenzi 13*

Kwezi zivakalisi zilandelayo guqula zonke izibizo zibe kwisininzi:

1. Iphepha limke nomoya.
2. Indoda ilima intsimi yayo.
3. Intombazana igxotha ihobe ezimbeni.
4. Ndiza kusipheka esi sikhwebu sombona.
5. Umfana ukhwele kuloliwe.
6. Igusha nethole zilala esibayeni.
7. Inkomo ilala ebuhlanti.
8. Ayakheli mthini na le ntaka?
9. Umzingeli ubetha intaka ngesagweba.
10. Umhloli uqalile ukuva umsebenzi wesikolo.

### *Umsebenzi 14*

Kwezi zivakalisi zilandelayo guqula zonke izibizo zibe kwisinye:

1. Iimvula zine kakhulu, kwatsho kwazala imilambo.
2. Iintaka zakhela emithini, zize zithi ke zizalele amaqanda ezindlwani zazo.
3. Emasimini kukho amathanga nemixoxozi.



4. Abagawuli bagawula imithi emahlathini.
5. Amakhwenkwe azingela iinjova emathafeni ebusika.
6. Amakhwenkwe aye kufuna iibhokhwe emahlathini.
7. Iinkomo zakowethu zibiwe ngamasela.
8. Abasebenzi bagqibile ukuzakha izindlu zabafundisi.
9. Amagqira abanika amayeza abantu abagelayo.
10. Izinxibo zomtshakazi zithungwa ngamachule.

## ISIFUNDO 8

### ISINCOKO

*Fundisisa esi sincoko silandelayo:*

#### IKHAYA LAM

Ikhaya lam liseNyanisweni kwisithili sakuQumbu. Limi kufutshane nomlanjana ekuthiwa yiNcothi.

Umzi wakowethu ubiyelwe ngocingo. Izindlu zintlanu zikrozile. Iminyango yazo ikhangele ngasempuma-linga. Emva kwezindlu kukho imithi ekhusela izindlu kwimimoya evuthuza ebusika. Phambi kwezindlu kukho ubuhlanti beenkomo nesibaya seegusha. Ezantsi kobuhlanti kukho isityana ekulinywa kuso imifuno.

Ekhaya ndihlala nomama notata nodade wethu ababini kunye nomntakwethu. Utata ngumlimi nomfuyi. Umama uyasiphekela, encediswa ngudade wethu. Mna nomntakwethu sinedisa utata kuyo yonke imisebenzi yakhe.

\* \* \* \*

Khangela eli balana lingentla. Phawula ukuba ingxelo le ngekhaya iphantsi **kweengongoma czintathu**. Nanzi:

- (a) Liphi na ikhaya lam?
- (b) Imbonakalo yokuma kwalo.
- (c) Abantu basekhaya nemisebenzi yabo.

Xa sukuba ubhala ngento, nokuba ubalisa ngendawo okanye isiganeko, njl., qala udwelise iintloko ezibalulekileyo ngaloo nto uza kubhala ngayo, njengakule ingentla ingxelo ngekhaya lam. Izivakalisi zingabi zide kakhulu.

*Nasi esinye isincoko:*

## A M A H A S H E K A B A W O

*Iingongoma ezibalulekileyo:*

- (a) *Ngamahashe kabani, amagama awo engobani?*
- (b) *Indlela agcinwe ngayo.*
- (c) *Umsebenzi wawo.*

Utata unamahashe amabini. Elinye yinkabi ebomvu, elinye yimazi engwevu. Igama lenkabi nguThuthuzela, elemazi ngu-Nodoli.

Atyebile amahashe katata. Uwondla ngombona nangehabile kusasa nangokuhlwa. Ngokuhlwa uwavalela esitaleni ukuze afudumale. Kusasa ayasulwa ngesisulo ukuze akhangeleke mahle. Ukuthi futhu kwelanga ayavulelwa aye emadlelweni.

Utata ukhwela enkabini yakhe yehashe xa aya edolophini nakwezinye iindawo. Uthi iyamthuthuzela xa akhwele kuyo, kuba ihamba kakuhle.

*Qaphela:* Njengokuba kukho iingongoma ezintathu ezibalulekileyo, nasesincokweni senze **imihlati emithathu**.

### *Umsebenzi 15*

Yenza izincoko ngezi ntloko zilandelayo:

1. Isikolo sethu.
2. Ivenkile esithenga kuyo.

# ISIFUNDO 9

## ISIMAPHAMBILI NESIQU

### SESIBIZO

|                |                 |                |                 |
|----------------|-----------------|----------------|-----------------|
| <b>Umfana</b>  | <b>um-fana</b>  | <b>umfula</b>  | <b>um-fula</b>  |
| <b>umlenze</b> | <b>um-lenze</b> | <b>umbambi</b> | <b>um-hambi</b> |

Kwisibizo ngasinye siphawula ukuba kukho **izakhi** ezibini. Kukho esi sokuqala esingu-**um**; kukho nesesibini esingu-**fana, -fula, -lenze, -hambi**. Esokuqala kuthiwa **sisinaphambili**; esesibini **sisiqu**.

Kuzo zonke izibizo sinakho ukuphawula isimaphambili nesiqu njengakule mizekelo ilandelayo:

| <b>Isibizo</b> | <b>Isimaphambili</b> | <b>Isiqu</b> |
|----------------|----------------------|--------------|
| umthi          | um                   | thi          |
| ilitye         | ili                  | tye          |
| amahashe       | ama                  | hashe        |
| abafazi        | aba                  | fazi         |
| igama          | i                    | gama         |
| isitena        | isi                  | tena         |
| isikotile      | isi                  | kotile       |
| indoda         | in                   | doda         |
| iimbambo       | iim                  | bambo        |

Masiphawule ukuba izimaphambili ezi ziziintlobo-ntlobo, kwanokuba izimaphambili **zesinye** zahlukile kwezi zikwizibizo **zesininzi**. Ke ngoku sithi:

| <b>Isinye</b>    |       | <b>Isininzi</b>  |
|------------------|-------|------------------|
| <b>umntu</b>     | kodwa | <b>abantu</b>    |
| <b>ilitye</b>    | „     | <b>amatye</b>    |
| <b>isikotile</b> | „     | <b>izikotile</b> |
| <b>inkomo</b>    | „     | <b>iinkomo</b>   |

Phawula ukuba **kuguquka isimaphambili kuphela**. Isiqu asiguquki sona, siyafana kwisinye nesininzi.



### Umsebenzi 16

Kwezi zibizo zilandelayo yahlula-hlula izimaphambili neziqu uzidwelise ngale ndlela zidweliswe ngayo ngasentla apha:

isileyi, imibombo, ilizwi, amafu, ubulembu, ukuphakama, uluthi, uphondo, ihagu, umsindo, abalimi, uQangule, isiqalo.

### Umsebenzi 17

(a) Kwezi zibizo zilandelayo yahlula-hlula izimaphambili neziqu zazo uzidwelise kwangalaa ndlela ingasentla apha:

inja, iimbila, uthango, iimpondo, izisu, ubulumko, ubuntu, ukutya, ukubhala, izimvu, iilokhwe, oNomakhaya, unonkala, iqhiya.

- (b) *Izincoko:* (i) **Umzi endivuthandayo.**  
(ii) **Indlu entle endakha ndayibona.**

### Umsebenzi 18

Khetha izibizo kwezi zivakalisi zilandelayo, isibizo ngasinye usahlula-hlule isimaphambili nesiqu saso:

1. Umzingeli uzingela imivundla.
2. Akwazi na ukuba umzingisi akanashwa?
3. Inkundla yabadla iinkomo ezintlanu abalwi.
4. Ngubani umqhubi walaa moto?
5. Umalusi uzilahlile iigusha.
6. Imimoya ivuthuze ngamandla yadala umonakalo omkhulu.
7. Uthi imilwelwe inokuwenza lo msebenzi?
8. Umthathi uyawuzala umlotha.
9. Umzi wakowethu unemide imithi.
10. Ichasekile imisebenzi emibi.

(b) Yenza isincoko phantsi kwale ngongoma:

**Iphupha elihle.**

## Umsebenzi 19

(a) Gqibezela ukubhala ezi zivakalisi, ungalibali ukufakela onobumba abakhulu nezingxi neempawu zemibuzo apho zifanelekileyo:

1. bumfumfum. . . . . begusha
2. e. . . . . kumbiwa igolide, kanti e. . . . . kumbiwa idayimani
3. ndalibona e. . . . . i. . . . .
4. unnumzana u. . . . . inonyana ongu. . . . .
5. mfondini andisokuze ndi. . . . .
6. kumhla . . . . .
7. utitshala uthi maze ni . . . . . nini
8. akukho nto ndinokukuxelela yona, kuba . . . . .
9. kufutshane nomlambo ekuthiwa . . . . . kukho idolophu ekuthiwa . . . . .
10. hamba siye ku . . . . .

(b) Bhala isincoko ngale ngongoma ilandelayo:

**Iphupha elibi.**

## Umsebenzi 20

(a) Khetha izibizo kwezi zivakalisi zilandelayo, isibizo ngasinye usahlula-hlule isimaphambili nesiqu saso:

1. Omama bafike izolo besiphathele onokwece.
2. Amapolisa alibambe namhlanje isela.
3. Iimbila zihlala emaweni, zitya amagqabi emithi.
4. Sakuba siziphakule iinyosi, sabutya ubusi.
5. Ziphakamile iintaba zelo lizwe.
6. Izilumko ziyazoyisa izidenge ngengqondo.
7. Izimvo zala madoda ngathi zilungile.
8. Isela libanjwe lithwele inyama.
9. Abantwana bayaloyika uswazi.

## ISIFUNDO 10

### INTLOKO YESIVAKALISI

Khetha **izenzi** kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. *UThemba uyalima.*
2. *UThemba uyabaleka.*
3. *Ufikile uThemba.*

Isenzi sisixelela ntoni? Sisixelela into cyenziwayo. Kwezi zivakalisi zingentla izinto ezixelwa zizenzi zenziwa ngubani? Zenziwa nguThemba. Ngoko ke sithi uThemba **yintloko** yesivakalisi.

*Umsebenzi 21*

Khetha **iintloko** kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. Utata uyasenga.
2. Amankonyana anyile.
3. Isikolo singene kusasa.
4. Indoda yaluphele.
5. Isitshixo siyavula.
6. UMakana wabhubha kudala.
7. Izembe laphukile.
8. UNonzwakazi uyikrazule incwadi yam.

## ISIFUNDO 11

### ISIVUMELANISI SENTLOKO

1. **Abantwana bayahleka.**
2. **Abantwana baya esikolweni.**
3. **Ilitye liyaqengqeleka.**
4. **Isilumko sifunda ngokukhawuleza.**



Phawula le nto: Kwisivakalisi ngasinye **isenzi siyavumelana nesibizo esiyintloko yesivakalisi**. Oku kuvumelana ke kiyilwa ngolu hlobo:

**Kufakelwa isakhi esifana nesimaphambili sesibizo**. Ke ngenxa yokuba ezi zakhi zenza ukuba **isenzi nentloko zivane, zivumelane, kuthiwa ukubizwa kwazo zizivumelanisi zentloko**.

Kule mizekelo ilandelayo izivumelanisi zentloko zibhalwe ngqindilili:

1. *Abalimi balima umbona; umlimi ulima umbona.*
2. *Umfula uyahlokoma; imifula iyahlokoma.*
3. *Ilifu livele ngaselwandle, liqhutywa ngumoya.*
4. *Isilo sihlala ehlathini; izilo zihlala ehlathini.*
5. *Inja idla inyama; izinja zidla inyama.*
6. *Uxande ludilikile; iingxande zidilikile.*
7. *Ubuso bakhe buhle.*
8. **Kufanelekile ukubeka abazali bakho.**

### *Umsebenzi 22*

(a) Kwezi zivumelanisi zilandelayo khetha izivumelanisi zentloko:

1. Abantu bakowethu bafike bathi badinwe, bafile.
2. Isitya sikamama siwile.
3. Ilitye likaMfundisi liyasila.
4. Umthi ugawulwe ngezembe.
5. Umfo lo uthi uyagula.
6. Izikhova zizingela iimpuku ebusuku.
7. Abantwana bam bafikile.
8. Umsebenzi ukho kule ndawo.
9. Isimbonono sivakala kude.
10. Amakhwenkwe adada esizibeni.

(b) *Yenza isincoko ngemazi yenkomo yakowenu.*

## ISIFUNDO 12

1. Umntu othethayo. 2. Umntu ekuthethwa naye. 3. Umntu ekuthethwa ngaye.

Kuyo yonke le mizekelo inikwe ngasentla apha izivumelanisi zithetha ngomntu ekuthethwa ngaye (mhlawumbi into ekuthethwa ngayo). Kodwa ke umntu othethayo nomntu ekuthethwa naye banazo nabo izivumelanisi zabo. Ukulinganisa sithi:

1. *Ndifunda ngenyameko?*
2. *Nizibone phi iinkomo zakowethu.*
3. *Uya kuthini wena?*
4. *Sizibone edlelweni.*

### *Umsebenzi 23*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izivumelanisi zentloko, nokuba zezixela umntu othethayo, nokuba zezixela umntu ekuthethwa naye, nokuba umntu ekuthethwa ngaye:

1. Siya kugoduka emalanga thina; niya kugoduka nini nina?
2. Undincedile mntakwethu.
3. Banduluke izolo otata.
4. Isikhephe sidada phezu kwamanzi.
5. Ikhephu liwa ezintabeni xa kubandayo ebusika.
6. Aya kufika nini loo manene?
7. Abantwana baphumile esikolweni.
8. Izifo zisasazwa ziimpukane.
9. Ixesha lokuntyiloza kweentaka lifikile.
10. Izwi lenkosie livakele ezweni lethu.

(b) *Isincoko: Inja yam.*

## ISIFUNDO 13

### UHLAHELELO LWEZIVAKALISI

#### Usisi ukha amanzi

Sesisazi ukuba eli gama, **usisi**, liyintloko yesi sivakalisi, kuba lisixelela ukuba ngubani na okha amanzi.

Le ndawo isixelela ukuba usisi wenza ntoni apha kwesi sivakalisi kuthiwa sisivisa. Ke ngoku u-ukha sisivisa kwesi sivakalisi.

Eli gama lisixelela ukuba yintoni na le ikhiwayo kuthiwa yinjongosenzi yesivakalisi. Ke ngoko amanzi yinjongosenzi yesi sivakalisi.

Uhlahlelo lwethu ke ludweliswa ngolu hlobo:

|               |   |                      |
|---------------|---|----------------------|
| <i>Usisi</i>  | — | <i>intloko.</i>      |
| <i>ukha</i>   | — | <i>isivisa.</i>      |
| <i>amanzi</i> | — | <i>injongosenzi.</i> |

Masikhe sikhangele lo mlinganiselo ulandelayo:

Umntwana uyayifunda incwadi yakhe.

|                      |   |                     |
|----------------------|---|---------------------|
| <i>Umntwana</i>      | — | <i>intloko</i>      |
| <i>uyayifunda</i>    | — | <i>isivisa</i>      |
| <i>incwadi yakhe</i> | — | <i>injongosenzi</i> |

#### *Umsebenzi 24*

(a) Hlahlela ezi zivakalisi zilandelayo ngolu hlobo: intloko, isivisa, injongosenzi:

1. Izinja zidla inyama.
2. Amahobe ayawagqiba amazimba.
3. Umama usiphekela umngqusho.
4. Utitshala usifundisa izibalo.
5. Akazinxibi iilokhwe amakhwenkwe.
6. Unovenkile uyabathengela abantu.
7. Iinyosi zam zenza ubusi obumnandi.
8. Unina womntwana uyaluthanda usana lwakhe.
9. Uyawabetha amakhwenkwe umlimi.
10. Ungqusha umbona uNoqabaka.

(b) *Isincoko: Mhla ndafika mva esikolweni.*



## Umsebenzi 25

(a) Hlahlela ezi zivakalisi zilandelayo ngolu hlobo: intloko, isivisa, injongosenzi:

1. Amakhwenkwe aqhuba iinkomo.
2. Umguli ufuna ugqira.
3. Ayitshayele indlu amantombazana.
4. Utata umkhaphile usisi.
5. Amakhwenkwe namantombazana avuna umbona.
6. UThemba uphuthume uMzingisi.
7. UThandi undiphathele amaqhashu.
8. Amadoda abhula umbona.
9. Umfundi ubetha intsimbi yesikolo.
10. Abantu banxibe iimpahla ezintle.

(b) *Isincoko*: Ndandaluse iinkomo ngenye inini.

## Umsebenzi 26

(a) Kwisivakalisi ngasinye kwezi zikumsebenzi 24 nama-25 khetha udwelise **izivumelanisi zentloko**.

(b) *Isincoko*: Onodoli bam, okanye Mhla sakhwela amaqegu ethu (amathole).

## ISIFUNDO 14

### IZIVUMELANISI ZENJONGOSENZI

(a) Khawuphinde ukhangele kumsebenzi wama-24 nama-25. Kwisivakalisi ngasinye kukho ezinye izivumelanisi onokuzifumana na?

(b) Khawukhangele kwisivakalisi sesi-6 kumsebenzi 24: **Unovenkile uyabathengela abantu**. Kweli gama **uyabathengela** uyintoni u-u? Ingaba lo u uthetha ngentloko yesivakalisi na? Ke ngoko lo u uluhlobo luni lwesivumelanisi?

(c) U-ba lo yena uthetha ngantoni? Ukuba uthetha ngenjongosenzi okanye ubhekisa kwinjongosenzi, ucinga ukuba uluhlobo luni lwesivumelanisi?

(d) Ke ngoku khangela isivakalisi sesi-8 kumsebenzi 24. Kweli gama, **uyaluthanda**, u-lu lo uthetha ngantoni okanye ubhekisa kwintoni? U-lu lo ukwasisivumelanisi senjongosenzi, kuba ubhekisa kwinjongosenzi yeso sivakalisi.

Ke ngoku zimbini iintlobo esizaziyo zezivumelanisi:

(i) isivumelanisi sentloko, (ii) nesivumelanisi senjongosenzi.

### *Umsebenzi 27*

(a) Kwezi zivakalisi khetha **izivumelanisi zenjongosenzi**:

1. UNomalizo uyabathanda onopopi bakhe.
2. Siyazibona izinja.
3. Intombazana iyabuhlamba ubuso bayo.
4. Utata uyawasela amanzi.
5. Usityile isonka sakho?
6. Andiwabonanga amatakane edlelweni.
7. Utitshala uyambetha umntwana olivila.
8. Akundiboni mna ndikubona nje wena?
9. Iinkabi ziyayitsala inqwelo.
10. Amadoda ayayigawula imithi.

(b) *Isincoko*: **Zanditya loo mini iinyosi!**

### *Umsebenzi 28*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo izivumelanisi zibhalwe zangqindilili. Xela ukuba isivumelanisi ngasinye sesentloko nokuba sesenjongosenzi na:

1. Umntwana **ndimfumene ndaza ndamsa** kowabo.
2. Indoda **ilichole ilitye legolide yalifihla**.
3. Uthi umfundisi akakufuni ukuthetha okungalungileyo.
4. Isela **ndilibambe ndalibetha, ndaza ndalifaka** entolongweni.

5. **Ndibubonile** ububi bobobo.
6. **Ndabubalisa** ubudenge obukhulu endabubonayo.
7. Intombazana **isiwisile** isitya, saphuka, **saziingceba**.
8. **Sibabonile**, **sabaxelcila**, **sababuyisela** ekhaya.

(b) *Isincoko*: **Ikhalipha lenkwenkwe**.

### *Umsebenzi 29*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo vala izikhewu ngokufakela izivumelanisi zentloko okanye ezenjongosenzi:

1. ..ya ku..vuna umbona wethu kule nyanga ..zayo.
2. ..ze ..ngagoduki ..ngeka..fezi umsebenzi wabo.
3. Amahobe ..ya ..gqiba amazimba akowethu. Ma ..gxothe.
4. ..ngamva ..ncwina uRomani xa umthwalo ..nzima, athath' isicithi a ..beke emhlana.
5. U ..bonile olwaa xande si ..akhileyo phaya ekhaya?
6. Amakhwenkwe ..ya ..alusela emadlweni iinkomo zakowawo.
7. A ..boni na ukuba aba bantu ..ya ..hleka?
8. Ihlathi ..nemithi emikhulu esi ..gawulayo.
9. Aba ..thandi oku kutya kuba a ..nancasa.
10. ..boku ..gcina ixesha.
11. ..thiwa ..gqithe apha ..malume izolo xa ..godukayo.

## ISIFUNDO 15

### AMAGAMA EENYANGA

Iinyanga zilishumi elinambini enyakeni. Zezi:

- |                      |                       |
|----------------------|-----------------------|
| 1. <i>uJanuwari</i>  | 7. <i>uJulayi</i>     |
| 2. <i>uFebruwari</i> | 8. <i>uAgasti</i>     |
| 3. <i>uMatshi</i>    | 9. <i>uSeptemba</i>   |
| 4. <i>uAprili</i>    | 10. <i>uOktobha</i>   |
| 5. <i>uMeyi</i>      | 11. <i>uNovemba</i>   |
| 6. <i>uJuni</i>      | 12. <i>uDisemba</i> . |



*Umsebenzi 30*

1. Yiyiphi inyanga yokuqala emnyakeni?
2. Yiyiphi eyokugqibela?
3. Yiyiphi eyesithathu?
4. Yiyiphi eyesithandathu?
5. Izikolo zivulwa kuyiphi inyanga ekuqaleni konyaka?
6. Zivalwa kuyiphi inyanga ekupheleni konyaka?
7. Wena wazalwa ngayiphi na inyanga?
8. IKrismesi ikuyiphi na inyanga?
9. Xela inyanga xa kubanda kunene (ebusika).
10. Xela inyanga xa kushushu kunene (ehlotyeni).

ISIFUNDO 16

UKUBHALWA KWEMIHLA

- Umhla ubhalwa ngolu hlobo:   **14 Januwari 1953.**  
  **16 Meyi 1955.**  
  **24 Novemba 1926.**  
  **5 Juni 1954.**

*Umsebenzi 31*

1. Khawubhale umhla wanamhlanje.
2. Khawubhale le mihla ilandelayo:
  - (a) Umhla wesine kwinyanga yesithathu.
  - (b) Umhla weshumi kwinyanga yesibhozo.
  - (c) Umhla weshumi elinesihlanu kwinyanga yesixhenxe.
  - (d) Umhla wokuqala kwinyanga yeshumi elinambini.
  - (e) Umhla wesihlanu kwinyanga yesihlanu.
  - (f) Umhla wangomso.

# ISIFUNDO 17

## UKUBHALWA KWEENCWADI

*Khangela le ncwadi ilandelayo:*

Nkanga School,  
P.O. LIBODE.  
20 Juni 1956.

Tata wam endimthandayo,

Ndithe makhe ndikubhalele ndikuxelele izinto ngezinto apha ekhaya.

Siyavuna. Sesiphantse sagqiba. Isivuno sihle kakhulu kulo nyaka. Imvula ikhe yana, into ke leyo etsho iinkomo zatyeba.

Eyona nto, tata, ebangele ukuba ndikubhalele yile. Utitshala omkhulu uthe ze wonke umntwana wesikolo abe nazo ziphelele iincwadi ukuvulwa kwezikolo. Ndicela ke imali yezo ncwadi ndingenazo eziisenti ezi-40. Ndicela ngokunjalo imali eziisenti ezi-50, ndize kuzithengela usiba oluhlobo lungumthombo we-inki.

Uthi uNondwe mandimbulisele kuwe, tata, ndikuxelele ukuba ungenile esikolweni. Uthi uze umphe ilokhwe nezihlangu nesileyiti. Siyakukhumbula, tata. Uze usixelele mhla uza kufika sikulungiselele izinto ezimnandi. Nawe uze usiphathele izinto ezintle.

Nomama uthi zendimbulisele kuwe.

Intombi yakho ekuthandayo,  
Nomhle.

*Incwadi ebhalelwa umntu inezi ngongoma zilandelayo:*

- (a) **Ladresi nomhla**, obonisa incwadi leyo ukuba ibhalwa phi na nomhla ebhalwe ngawo.
- (b) **Isiqalo**, esibonisa ukuba ibhalelwa bani na.
- (c) **Iindaba nemiyalezo**.
- (d) **Isiphelo**, esibonisa igama lombhali nobuzalwana bakhe naloo mntu abhalela yena.

Mr S. Masango,  
P.O. Box 248,  
Duncan Village,  
EAST LONDON.

Imvulophu ibhalwa igama lomntu eya kuye incwadi, nendawo ahlala kuyo. Incwadi ifakwa emvulophini, kubekwe isitampu seesenti ezimbini ezinehalafu njengakulo mfanekiso ungasentla apha.

### *Umsebenzi 32*

Bhala ezi ncwadi zilandelayo:

1. Bekufike umhloli esikolweni senu neviwa. Bhalela umhlobo wakho okwesinye isikolo umxelela ngolo tyelelo lomhloli. (Nanzi izinto ongathetha ngazo: Imini yokufika kwakhe, nexesha; uviwo lonke; waqhuba njani wena; ukumka komhloli; uvuyo okanye udano lwabantwana).

2. Loo mhlobo wakho ukuphendule ekucela ukuba uze uye kufunda kwisikolo sakhe kunyaka ozayo, enika nezizathu zeso sicelo. Mphendule uvuma okanye usala umxelele nezizathu zakho.

## ISIFUNDO 18

### IZINCIPHISO

#### **Ihashana abantwana incwadana indlwana**

Kwezi zibizo kufakelwe isimamva esingu-ana. Ngokwenjengalo sibonisa ubuncinane bezinto. **Ihashana** lihashe elincinane.



Isibizo esilolo hlobo kuthiwa **sisinciphiso**. Sibunjwa ngokusifakela isimamva esingu-**ana**.

*Umsebenzi 33*

(a) Khawubhale izinciphiso zezi zibizo zilandelayo: umthi, umfo, intombi, indoda, isitha, umlambo, intloko, umlomo, intambo, intsimi, ihempe.

(b) *Isincoko*: **Mini ndahamba negwala**.

(c) *Incwadi*: Ube uye edolophini enkulu ngehashe okanye ngeenyawo okwexesha lokuqala. Bhalela umhlobo wakho ngezinto ozibonileyo ngaloo mini, nendlela owaligcina kakuhle ngayo ihashe lakho edolophini.

ISIFUNDO 19

IZANDISO

**Indlukazi ihlathikazi ilityekazi unlambokazi**

La magama abonisa izinto eziphuhle ngobukhulu; loo nto ayenze ngokufakela isimamva esingu-**kazi** kwisibizo ngasinye.

*Umsebenzi 34*

(a) Khawubhale izandiso zezi zibizo zilandelayo: umfazi uthuli, ilifu, ichibi, isityebi, umhlambi, imbalela, umzi, ibhotwe, umfula, isibaya, umsebenzi, umlilo.

(b) *Isincoko*: **Umdlalo endiwuthandayo**.

(c) *Incwadi*: Kuthiwa kowenu musa ukuya esikolweni ngaminazana ithile, kuba kuxakckiwe. Bhalela utitshala wakho umxelele ukuba akuphumeleli ukuya, uchaze izizathu, ucele uxolo.

# ISIFUNDO 20

## ISINI

### **Incokazi isikhukukazi iLawukazi uMthwakazi**

1. Ezi zibizo zingentla zikuluphi uhlobo lwesini: esesiduna okanye esesikhomokazi?
2. Uyiqonda njani loo nto?
3. Kufakelwe ntoni ukubonisa **isini**?
4. Khawubhale amanye amagama abonisa ubukhomokazi ngokufana nala magama.

### *Umsebenzi 35*

(a) Bhala ezi zibizo zilandelayo zibe kwisini sesikhomokazi: ingwe, imbabala, umongi, ititshala, umfundisi, igqira,inja, umLungu, umkhokeli, umfi, iMfengu, igora, umninimzi, umongameli.

(b) *Incwadi*: Ukhwela ihashe ngoMvulo uye esikolweni mgama nekhaya, uze ke ukuphuma kwesikolo uhlale emzini okufutshane nesikolo eso, ugoduke ngoLwesihlanu emva kwesikolo. Ngenye imini phakathi evekini ulahlekelwa leli hashe. Bhalela uyihlo umxelela loo nto.

### **Enye indlela yokubonakalisa isini**

Azithi zonke izibizo zifakele u-**kazi** ukwenza isini sesikhomokazi. Ngamanye amaxesha kuye kusetyenziswe amagama ahlukileyo poqo abonisa isini sesiduna nesesikhomokazi njengolu hlobo:

|                  |                    |
|------------------|--------------------|
| <i>indoda</i>    | <i>umfazi</i>      |
| <i>inkwenkwe</i> | <i>intombazana</i> |
| <i>utata</i>     | <i>umama</i>       |

### Umsebenzi 36

(a) Khawubhale ezi zibizo zibe kwisini sesiduna: intombi umsakwabo unina umtshakazi umfazi ithokazi imazi iwasa-kazi umthinjana inzwakazi ixhegokazi itshawekazi.

(b) *Isincoko*: Andisokuze ndiphinde ndingene kwelo hlathi.

#### Eyesithatu indlela yokubonakalisa isini

Kukho ke namanye amagama asetyenziswayo acalula umahluko phakathi kubuduna nobukhomokazi, anjengala:

*inkunzi yenkomo*

*imazi yenkomo*

*Inkunz' ebhokhwe*

*imaz' ebhokhwe*

### Umsebenzi 37

(a) Guqula ezi ntetho zibe kwisikhomokazi: inkunzi yeha-she, ithol' iduna, inkunzi yehagu, umyeni, umongi, inkwenkwe, inkunzi yenkuku, inkunzi yembabala, umqhagi, inkunzi yekewu.

(b) *Incwadi*: Ngomnye umhla ngoMvulo esikolweni uthe wakufika wafumana ukuba utitshala ufuna nithenge iincwadi ezintsha. Bhalela uyihlo ucela ezo ncwadi zesikolo.

### Umsebenzi 38

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi:

1. USandazi usenga inkomo.
2. Ibhathane limfifitha incindi yeentyatyambo.
3. Intaka yakhela emthini.
4. Ndinxaniwe, ndiphe amanzi.
5. Zingisa ukuze uphumelele.
6. Umhambi uphumla emthunzini womthi.
7. Ndiyayithanda inyama eyosiweyo.
8. Yakhonya inkunzi yakowethu.



9. Amakhwenkwe adada esizibeni.  
10. Ufike nini umkhuluwa wakho?

## ISIFUNDO 21

### IXESHA

*UVelile usenga inkomo. UThemba uyazingenisa ebuhlanti iinkomo zakowabo.*

Kwezi zivakalisi izenzi zixela into eyenzeka nini? Zixela into eyenzeka **ngoku**. Ke ngoko sithi ezi zenzi **zikwixesha langoku**.

Qaphela ukuba ezi zenzi zikwixesha langoku zisetyenziswa ngeendlela ezimbini. Sinokuthi: *UThemba usenga inkomo yakowabo*. Kanti ngokunjalo sisenokuthi: *UThemba uyayisenga inkomo yakowabo*.

### *Umsebenzi 39*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi, uxele nexesha esikulo isenzi ngasinye:

1. Abantwana abakhutheleyo bafunda nkqi.
2. Sizalusela endle iinkomo.
3. Siyabakhuthaza abantwana abanyamekileyo.
4. Niyamazi lo mntu?
5. Ndiyamthanda uThokozile.

(b) *Isincoko: Andabaleka ngako loo mini!*

## ISIFUNDO 22

### IXESHA ELADLULAYO

**Ndamgqibela kudala uWinile.**  
**Sanduluka ungekavuki wena.**

Ezi zenzi zibonisa into eyenzekayo kudala okanye kwixesha eseladlulayo. Kuthiwa ke ngoko zikwixesha eladlulayo.

Nantsi eminye imizekelo:

*Yana yonke imihla invula.*

*Iintaka zantyoza emithini.*

*Iinkabi zayitsala inqwelo zaqabela nayo.*

#### *Umsebenzi 40*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi uze uxele nexesha esikulo isenzi ngasinye:

1. Wandigibisela ngelitye, wandibetha entloko, wandilahla phantsi.
2. Utata ulima ngeenkabi ezintathu.
3. Ndifuna iinkomo ezilishumi zekhazi.
4. Wababiza, basabela, beza kuye.
5. Ndiyabaxelela aba bantu ukuba ndiyafika apha, kodwa abeva.
6. Utitshala wasifundisa incwadi, nathi ke sazama.
7. Ndiyaziwa zezam, ndiyazazi ezam.
8. Ndimthanda nokuba andimboni lo mfo.
9. Laphika elo sela, lamunc' iintupha.
10. Uyashiyeka na wena?

(b) *Incwadi*: Bhalela umntakwenu osemsebenzini umxelela ngendlela eniyichite gayo iKrisimesi kwilali yenu.

#### *Umsebenzi 41*

(a) Bhala ezi zivakalisi zilandelayo isenzi ngasinye usiguqule sibe kwixesha eladlulayo:

1. Uyabethwa lo mfo, kodwa uyanyamezela.
2. Liyaphika elo Nyasa, lithi lona lingumXhosa.
3. Thina makhwenkwe sizingela iinjova ebusika.
4. Unduluka ekuseni uyise kaMzingisi.

5. Ndibona ukuba bayaqondana aba bafu.
6. Siyamqonda ukuba uyanqena lo mfazi kaMsokoli.
7. Uyandixelela ndize ndiphula-phule.
8. Uyise uyambiza uSokhetye.

(b) *Isincoko*: **Ikhaliha lenkwenkwe.**

### *Umsebenzi 42*

(a) Bhala ezi zivakalisi zilandelayo isenzi ngasinye usiguqule sibe kwixesha langoku:

1. Wathi umfundisi ebantwini bakhe, “Ndanixelela inyaniso.”
2. Amasimi ethu sawalima ekupheleni konyaka, saza zawahlakula ekuqaleni kolandelayo.
3. Wathetha wamisa iinyawo lo mfo kuloo ndawo madoda.
4. Utata walima ngeenkabi ezintandathu.
5. Umhambi waphumla emthunzini womthi.
6. Abantwana abakhutheleyo bafunda nkqi.
7. Inqilo landandazela phezu kwendlela.
8. Iimpuzi zatshazwa yiqabaka.
9. Ukhozi lwawathi xwi amantshontsho akowethu.
10. Emva kwemvula yasehlotyeni yatsho yaluhlaza ingca emadlelweni, zatsho iinkomo zahlutha.

(b) *Incwadi*: Bhalela umntakwenu osemsebenzini umxelela ukuba ufuna ilokhwe nokuba yihempe, kuba kuza kuvulwa izikolo ungenampahla yaneleyo yesikolo. Mcele akuthengele czo zinto okanye akuthumele imali uzithengele.

## ISIFUNDO 23

### IXESHA ELIZAYO

*Abalimi baza kuvuna kule nyanga izayo.*

*Ndiya kuzama kangangoko ndinakho.*

*Sobonana naye akufika.*



Jongisisa izenzi ezikwezi zivakalisi. Ziyafana na neziya zikwixesha langoku okanye ezikwixesha eladlulayo? Ngaba izenzeko ezalathiwa zizo sezifezekile na, nokuba zenzeka ngoku, nokuba zisaza kwenzeka kwixesha elizayo? Ungathi zikwixesha lini na?

Nantsi eminye imizekelo:

**Iza kuna namhlanje imvula.**

**Osebenza ngenyameko uya kuphumelela.**

**Sohamba ngomso ke, sikushiye apha.**

**Ukubhalwa kwamaxesha ezayo**

Phawula ukuba la maxesha ezayo anamagama amabini angadityaniswayo: igama ngalinye kuwo libhalwa lodwa, nje:

*baza kuvuna*

*iza kuna*

*ndiya kuzama*

*uya kuphumelela*

Nawe ke uze uwahlula-hlule, ungawadibanisi xa uwabhalayo.

### *Umsebenzi 43*

(a) Ngawaphi na amanye amaxesha owaziyo?

(b) Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi uxele ukuba zikuliphi na ixesha:

1. Imvula iyana namhlanje.
2. Uya kumtyelela nini umhlobo wakho?
3. Umoya wavuthuza ngamandla.
4. Ndibhala ngepenlothe.
5. Ikati iza kusukela impuku.
6. Ubhuti uya kuya eGoli.
7. Isele liyataka.
8. Bawagibisela ngamatye loo mini amasela.
9. Amadoda aza kumba isisele.
10. Izihlangu zakhe ziyabengezela.

*Umsebenzi 44*

(a) Guqula ezi zivakalisi zikumsebenzi 43 zibe zezilandulayo, kodwa lona ixesha lingaguqulwa. Sithi ukulinganisa:

1. Imvula ayini namhlanje.

(b) *Isincoko: Isitiya sikamama.*

*Umsebenzi 45*

Bhala izivakalisi ezinezi zenzi zilandelayo, isenzi ngasinye sibe kwixesha elizayo:

ukufuna, ukuqhekeza, ukulwa, ukutshaya, ukuvuya, ukududuma, ukubhabha, ukucanda, ukusila, ukukhula.

## ISIFUNDO 24

### ISILANDULO

**UMajeke uyagoduka. UMajeke akagoduki.**

Esi sivakalisi sesibini silandula into ethethwa kwesokuqala. Sithi ke **sisilanduli** sesivakalisi sokuqala.

*Umsebenzi 46*

(a) Kwezi zivakalisi guqula izenzi zibe zezilandulayo:

1. Uyaya na edolophini?
2. Ndibona umntu apha.
3. UVula ufunda ngenyameko.
4. Abantwana baya esikolweni namhlanje.
5. Amantombazana ahlamba izitya.
6. Abantu bayagoduka ngoku.
7. Isikhova silala ebusuku.
8. Icawa ingena ngoraty apha.

9. Umlandeli uyasenga phambi kokuba aye esikolweni.
10. Uyandinceza lo mntwana emsebenzini wam.

(b) *Isincoko: Ukhetshe uxwila amantsontsho kamama.*

*Umsebenzi 47*

(a) Kwezi zivakalisi guqula izenzi zibe zizilanduli uxele nexesha esikulo isenzi ngasinye:

1. Izinja zikhonkotha umntu.
2. Izinja zakhonkotha umntu.
3. Isixwila sixwila iintlanzi emlanjeni.
4. Amadoda agawula imithi loo mini.
5. Ndiyaphosisa.
6. Ukhozi lwawathi xwi amantsontsho akowethu.
7. Inkunzi yenkomo katata iyagquma.
8. Amasela aza kuziba iibhokhwe zakowabo.
9. Imvula yana kulo nyaka uphelileyo.
10. Umlambo uyazalisa.
11. Uya kubhala incwadi.

(b) *Incwadi: Bhalela umama wakho umxelela ngebhayoskophu ebe niyiboniswa esikolweni senu.*

*Umsebenzi 48*

Guqula ezi zivakalisi zikumsebenzi 47 zibe kwisininzi, uze ke unike isivakalisi ngasinye sibe sesivumayo nesilandulayo.

*Umzekelo: 1. Niyaya na edolophini?  
Aniyi na edolophini?*

*Umsebenzi 49*

(a) Guqula ezi zivakalisi zibe zezivumayo:

1. Abafuneki onolongo apha.
2. Andimthandi uThokozile.



3. Azonakele ezi ndlela, azifuni kulungiswa.
4. Akahlambanga lo mntwana, yiyo lento engafanelekile ukuza esikolweni.
5. Abanankabi, kungoko bangalimiyo.
6. Akasebenzi uSokhetye, kungoko angaphumeleliyo.
7. Andisayi kuhamba nawe mfondini! Andikuthembi!
8. Abahambi abayi kuhlala phantsi baphumle.
9. Azityebanga ezi nkomo, kuba azondliwa.
10. Impahla yakhe ayintle kuba ayicocekanga.

(b) *Isincoko*: **Mhla ndatshaya ndayotywa licuba okanye Mhla ndatshelwa yilokhwe yam.**

## ISIFUNDO 25

### IZIFANEKISOZWI

*Ndithe nqa yile nto ayithethayo.*

*Uya kuthi shu ukuba akuva.*

*Sawa bhaxa ehudakeni.*

Kwezi zivakalisi amagama abhalwe angqindilili kuthiwa zizifanekisozwi ukubizwa kwawo.

#### *Umsebenzi 50*

1. Kwakuthi .... ukusa wavuka wanduluka.
2. Thulani nithi .... nithi ....
3. Ithe yakuthi .... inkundla waphakama uSibonda wathi .... ambalwa.
4. Iinkomo zithe .... phaya ethafeni.
5. Yakuthi .... inkungu siphinde sabekeka endleleni.
6. Limhlophe .... eli laphu ndilithengileyo.
7. Zimnyama .... ezo mpahla azinxibileyo.
8. Weyela .... emanzini.

9. Zingaphi iipensile onazo wena? Inye . . . .  
10. Khawuthi . . . . uphumle okwexeshana.

Kwezi zifanekisozwi zilandelayo khetha esona sinokusetyenziswa ukusivala isikhwewu ngasinye kwizivakalisi ezingentla apha.

tsu, qheke, qhwa, qha, vu, tu, qabu, nkqi, saa, dyumpu, cwaka, gqaba-gqaba, nqwadalala.

#### *Umsebenzi 51*

Yenza izivakalisi ngezi zifanekisozwi:

mba, gqi, thaphu, chu, qikili, nkxu, nqumama, nkente, yoyi, ntlilikithi, tsi, khunubembe, makatha, tshoci.

#### *Umsebenzi 52*

Unazo na izifanekisozwi ozaziyo wena ezingezizo ezi zidweliswe ngentla apha? Dwelisa zibe zihlanu uze ke usisebenzise isifanekisozwi ngasinye kwisivakalisi esivakalyo.

## ISIFUNDO 26

### IZACI ZESIXHOSA

**Ukucela koxhonga okanye ukucela kwabanentsente**  
*kukusuka umntu aphaphatheke ukubaleka.*

#### *Umsebenzi 53*

Cacisa into ethethwa zezi zaci zilandelayo:

1. Ukucela iindlebe.
2. Ukucela amehlo.
3. Ukucela izandla.

4. Ukucela uxolo.
5. Ukucela indlela.
6. Ukucela kule nto yabantwana.

#### *Umsebenzi 54*

(a) *Incwadi*: Bhalela umhlobo wakho umbalisela ibali elihlekisayo.

(b) **ukubeth' emlonyeni; ngoratya lwamagqaza; watsho sabomvu isisu; ilizwe liyintombazana; ukusuka egadeni; ukuba novalo.**

Kwezi zivakalisi zilandelayo vala izikhewu ngokufakela isaci esifanelekileyo kwindawo nganye, ukhethe kwezi zingentla.

1. Emva kweemvula zentwasahlobo ilizwe la.....
2. Kwakungena umhloli wezikolo ndaziva ndi.....
3. Wathi xa ndiphakathi kwentetho yam.....
4. UNontombi uyintombazana entle eluswazana e.....
5. Lo mntwana utye watya wa.....
6. Utata wasebenza imini yonke waza wabuyela ekhaya ng.....

#### *Umsebenzi 55*

Yenza izivakalisi ucacisa into ethethwa zezi zaci:

1. Ukusimbela isinqe.
2. Ukuma bume.
3. Ukubeka iindlebe.
4. Ukubeka abantu abakhulu.
5. Ukubeleka iinyawo.
6. Ukuba nolwimi.
7. Ukuba nentaka.
8. Ukwenza owenkawu.
9. Ukufa isiqaqqa.
10. Ukuba yindlovu.



ISIFUNDO 27  
AMAQHALO ESIXHOSA

*Umsebenzi 56*

Cacisa okuthethwa ngala maqhalo:

1. Inkal' ixinge etyeni.
2. Iqaqa aliziva kunuka.
3. Imbila yaswel' umsila ngokuyalezela.
4. Izandla ziyahlambana.
5. Yaqina inqawa.
6. Umzingisi akanashwa.
7. Ucuntsu akafani noshici.
8. Ilizwe lifile.
9. Induku ayinamzi.
10. Umthathi uyawuzala umlotha.

AMAXESHA EMINI

*Umsebenzi 57*

Kuxa kutheni xa kuthiwa:

1. Xa kumpondo zankomo.
2. Ums' obomvu.
3. Ukuthi futhu kwelanga.
4. Emini emaqanda.
5. Ukujika kwelanga.
6. Xa libantu bahle.
7. Xa lithi ndithenge.
8. Ngolwemivundla.
9. Xa babeka amacala.
10. Ezinzulwini zobusuku.

# ULWIMI LWAKOWETHU

---

## IBANGA IV

---

## SESIQINGQA

THE UNIVERSITY OF CHICAGO  
DEPARTMENT OF EAST ASIAN STUDIES  
PUBLISHED BY THE UNIVERSITY OF CHICAGO PRESS  
CHICAGO, ILLINOIS  
1962

VI ABWABI

SEIJOIYU

1. The University of Chicago
2. Department of East Asian Studies
3. Published by the University of Chicago Press
4. Chicago, Illinois
5. 1962



# UHLAZIYO

## *Umsebenzi 1*

- (a) Khawuguqulele la magama alandelayo kwisininzi:  
inja, ulusu, imvu, intambo, ugaga, ufcle, uphondo, ucingo, imbila, ulugxa, imfene, imbo, uphuphu, ubambo.
- (b) Kwezi zibizo zingentla yahlula-hlula izimaphambili neziqo zazo kwisinye nakwisininzi.

## *Umsebenzi 2*

Ubuso, ubisi, ukulamba, ukutya, ubukhwenkwe, ubudenge, ukusa, ukubhala, ubulumko, ubuntu.

- (a) Khawunike isimaphambili segama ngalinye kula angentla.
- (b) Unako na ukuwaguqula la magama abe kwisininzi?
- (c) Amagama anezi zimaphambili **ubu-** no-**uku-** anako na ukuguqulwa abe kwisininzi?
- (d) Nika isininzi seli gama: **ubuhlanti**.

## *Umsebenzi 3*

- (a) Yenza izivakalisi usebenzise ezi zibizo zilandelayo kwisininzi: uluthi, uphondo, ilifu, unyawo, ixoki, unomeva, ukudla, inkunzi yenkomo, usuku, umqolomba, isilwanyana.
- (b) Isincoko: **Ibali elimnandi endikhe ndalifunda ku "Mhlobo Wabantwana."**

## *Umsebenzi 4*

Hlahlela ezi zivakalisi zilandelayo ngolu hlobo: *intloko, isivisa, injongosenzi*.

1. Inkosi iyabathanda abantu bayo.
2. UMvuyo akawabonanga amatakane akowethu.

3. Iinkabi ziyayitsala inqwelo.
4. Omama basiphathele iilekese.
5. Izinja zasekhay' apha zikhonkotha abantu basemzini.
6. Aba bantu banxibe iimpahla ezintle.
7. Ayitshayele indlu amantombazana.
8. Abantu balapha sebemvunile umbona.
9. Isandla sihlamba esinye.
10. Isikhukukazi siphandela amantshontsho aso.

#### *Umsebenzi 5*

Kwizivakalisi ezikumsebenzi 4 khetha izivumelanisi zentloko nezivumelanisi zenjongosenzi uxele nezibizo ezimele zona ezi zivumelanisi.

#### *Umsebenzi 6*

Fakela izivumelanisi zentloko nezenjongosenzi kwizikhewu ezikwezi zivakalisi zilandelayo:

1. . .melwe kuku . .hlonela abantu abakhulu.
2. U . .thenge evenkileni kabani ezo mpahla . .zinxibileyo?
3. Yini na le . .thethayo?
4. . .aluswa ngubani iinkomo zakowenu . .lapha nje wena?
5. Umama . .sibhakela amaqebengwana, . .tya . .hlutha.
6. UBhelshaza . .thi uDaniyeli ma . .bizwe . .ze. . .kufika . .thi kuye. "Daniyeli, . .vile ngawe ukuba umoya kaThixo . .nawe. Zonke izilumko nezazi zeli lizwe a . .banga nako uku . .funda umbhalo oseludongeni kwanoku . .chaza intsingiselo yawo.
7. A . . .thandi lo msebenzi . . .enzele wona.

## Umsebenzi 7

(a) Fundisisa esi sivakalisi uze ke uphendule imibuzo elandelayo:

**Imfundo yabugxotha ubumnyama bengqondo.**

- (i) Yiyiphi intloko? Yintoni umsebenzi wentloko?
- (ii) Sisiphi na isivisa? Yintoni umsebenzi wesivisa?
- (iii) Yiyiphi injongosenzi? Yintoni umsebenzi wenjongosenzi?
- (iv) Isenzi sikwixesha lini?
- (v) Ukuba besithe: **Imfundo iyabugxotha ubumnyama bengqondo**, isenzi singakwixesha lini?
- (vi) Kwesi sivakalisi xela igama ngalinye ukuba sisigaba sini sentetho. Ngolu hlobo: *Imfundo: isibizo yabugxotha: . . . Qhuba!*

(b) *Incwadi*: **Bhalela umhlobo wakho umxelela ngesikolo ofunda kuso.**

## Umsebenzi 8

Bhala izivakalisi ezinezi zifanekisozwi zilandelayo:

thu, tu, gqum, krwe, qingqi, mpu, hlasi, qha, bimbilili, qho, hlwa, nkwam, mimbilili, xum.

## Umsebenzi 9

Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokufakela izifanekisozwi ezifanelekileyo:

1. Iimpukane zathi bh. . . phezu kweembiza.
2. Le nyama iyanuka ph. . .
3. Ingwamza yee r. . . ukusinga elundini.
4. Yiza nesitshetshe uyithi sh. . . le ntambo.
5. Umoya wasebusika uthi t. . . ngasentshonalanga.
6. Aphelile t. . . amanzi e-emeleni.



7. Emva kwemvula ingca emadlelweni itsho yaluhlaza y..
8. Lakuthi c. . ilanga umbethe usuka uthi m. . m. .
9. Akuvela umzingeli amahobe ee d. .

## ISIFUNDO 1

### ISIMELABIZO SOQOBO

1. *Uyamazi na wena? Andimazi mna.*
  2. *Umfundisi yena uthi maze singoni.*
  3. *Ubabonile abantu bakowethu? Hayi, andibabonanga bona.*
- Khawujongisise la magama abhalwe ngqindilili. Kuthiwa ukubizwa kwawo **zizimelabizo zoqobo.**

#### *Umsebenzi 10*

(a) Khawukhangele ukuba akunakufumana zimelabizo zoqobo na kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. Umakhulu yena usenzela iintsomi.
2. Uyazithanda zona iintsomi?
3. Siza kuya evenkileni thina sobabini.
4. Yithini tu nina ningxolayo.
5. Yeyam le yona incwadi.
6. Oku kona ukusebenza kokwamavila.
7. Yona le nto uyithethayo ayivakali konke.
8. Uthi yena lo mfana akanako ukuza apha?
9. Andazi ukuba bona baya kufika nini na.
10. Thina silusapho lwenkosi.

(b) *Isincoko: Ibali elimnandi endalifunda eBhayibhileni.*

#### *Umsebenzi 11*

Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela isimelabizo soqobo kwisikhewu ngasinye:

1. Nenza ntoni . . . . . ?

2. Siyasebenza . . . . Benza ntoni na . . . . ?
3. Abafazi bayapheka, amantombazana . . . . atheza iinkuni.
4. Khawuz' apha . . . . Nontombi.
5. Izilo zihamba ngezitho, xa . . . . iintaka zibhabhayo ngamaphiko.
6. Abantu abakhulu basancokola; usana . . . . selulele.
7. Bumnandi . . . . ubusi.
8. Kusekho ukutya? Hayi kuphelile . . . . kwashiyeke isiselo kuphela.
9. Esi . . . . isitya ses'am.
10. Lo . . . . umfo linqenera.

### *Umsebenzi 12*

(a) Khetha izimelabizo zoqobo kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. Bona ubudenge abufuneki kumntu ofundayo.
2. Nina nonke nimkhonzayo, mdumiseni yena!
3. Lo mthi wona ngowexabiso elikhulu.
4. Ndicele uswazi waza wandinika lona.
5. Amafu emvula wona angqindilili.
6. Abantu bona abafuna impumelelo bayasebenza.
7. Izifo ezisulelayo zona zinyangwa ngokutofa.
8. Wona umhlaba ochumayo mawulondolozwe.
9. Iigusha zona ezinoboya obude zifunyanwa emaBhulwini.
10. Eyam yona indlu ayinjengale yakho, imfutshane yona kodwa ibanzi.

(b) *Incwadi*: Bhalela umntakwenu oseBhayi nokuba kuse-Rawutini umxelela ngezinto ezenzekayo apha ekhaya.

### *Umsebenzi 13*

(a) Vala izikhewu ngokufakela izimelabizo zoqobo:

1. Le nto . . . . ayinakulunga namhlanje.
2. . . . singabantwana bokuzalwa apha kulo mzi.
3. Andinifuni . . . . apha kule ndlu.

4. .... iingcingane zabo azilungile.
5. Abantwana abafundayo .... bayazicoca yonke imihla.
6. Iintliziyo zethu .... mazihlanjwe zibe ngcwele.
7. Banoyolo abanenceba kuba .... beya kwenzelwa inceba.
8. Inkomo yobisi .... lilunga elimibele imbombosholo.
9. Iinkuku zam .... zizalela amaqanda amakhulu.
10. .... ukuthetha akunjengakwenza.

(b) *Isincoko*: **Uncedo endilwenzela abazali bam ngeMigqibelo.**

## ISIFUNDO 2

### IXESHA ELIZAYO

*Abalimi baza kuvuna kule nyanga izayo.*

*Ndiya kuzama kangangoko ndinakho.*

*Sobonana naye akufika.*

Kanene besithe izenzi ezikwezi zivakalisi zingentla zikuliphi ixesha?

#### **Iimo zexesha elizayo**

Khawuzikhangelisise ezi zenzi zikwixesha elizayo. Wobona ukuba eli xesha lineemo ezintathu, ezizezi:

1. *baza kuvuna* 2. *ndiya kuzama* 3. *sobonana*

*U-baza kuvuna* sithi ukwixesha eliza kuza.

*U-ndiya kuzama* ukwixesha eliya kuza.

*U-sobonana* sithi ukwixesha elizayo elifinyeziweyo.

#### *Umsebenzi 14*

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo isenzi ngasinye usiguqule sibe kwelinye lamaxesha ezayo:

1. Umfundisi wathi ebantwini bakhe, "Ndanixelela inyaniso."
2. Amasimi ethu sawalima ehlotyeni.
3. Umhambi uphumla emthunzini womthi.



4. Utitshala wasifundisa incwadi, nathi ke sazama.
5. Anduluka ekuseni amadoda ukuya kuphangela.
6. Iimpuzi zatshazwa yiqabaka.
7. Ukhozi lwawathi xwi amantshontsho akokwethu.
8. Sizalusela endle iinkomo.
9. Siyabakhuthaza abantwana abanyamekileyo.
10. Intaka yakha ngoboya benye.

### *Umsebenzi 15*

(a) Yenza izivakalisi ngezi zenzi zilandelayo, isenzi ngasinye sibe kwixesha eliza kuza:

ukuhamba, ukuqubha, ukufunda, ukuzingela, ukuhlakula.

(b) Yenza izivakalisi ngezi zenzi zilandelayo, isenzi ngasinye sibe kwixesha eliya kuza:

ukuncokola, ukucubhuka, ukuncuma, ukukhwela, ukwaphula.

(c) Bhala izivakalisi ezinezi zenzi, isenzi ngasinye sibe kwixesha elizayo elifinyelelo:

ukubuya, ukulandela, ukuhlamba, ukucima, ukucela.

### *Umsebenzi 16*

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi, uxele nexesha esikulo isenzi ngasinye:

1. Nohlala apha imini yonke.
2. Abalusi baya kuseza impahla emlanjeni.
3. Wofika sesisekhaya thina.
4. Bahlukana naye endleleni.
5. Amantombazana ayatheza phaya ehlathini.
6. Kuza kududwa kulo mzi ngokuhlwanje.
7. Bafika kwasekuseni, bemka ngemini elandelayo.
8. Uthi baza kuwufeza lo msebenzi kwanamhlanje?
9. Uya kuthini wakudibana naye?
10. Udyakalashi uyazibulala iigusha zakowethu azitye.

### Umsebenzi 17

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi uxele ukuba zikuliphi na ixesha:

1. Ndiyabona amahobe emthini.
2. Ndiza kuwusingatha lo mcimbi wakho.
3. Uze ubaxelele ezi ndaba aba bantu.
4. Siya kuzakhela indlu ngezitena.
5. Amadoda avuna umbona emasimini.
6. Bazihlamba izitya ngamanzi.
7. Ndambetha entloko ngentonga.
8. UMzingisi uza kusenga.
9. Baza kubhala ngeentsiba zabo.
10. Ndambiza.

### Umsebenzi 18

(a) Guqula ezi zivakalisi zikumsebenzi 12 zibe zezilandulayo kodwa lona ixesha lingaguqulwa. Sithi ukulinganisa:

1. Andiwaboni amahobe emthini.

(b) *Incwadi*: Bhalela utitshala umxelele ukuba akuzi kuba-kho esikolweni ngamini ithile, uxele nesizathu soko.

## ISIFUNDO 3

### IXESHA ELIDLULEYO

**Ndimbonile umnakwethu**

*linkomo zimbhuqile umbona wam.*

Khawukhangele izenzi kwezi zivakalisi zingentla. Uphawula mahluko mni kuzo ngokwexesha nakwizenzi zamanye amaxesha osele uzifundile? Uyasibona isimamva esingu-ile?

Sithi izenzi ezinesimamva esingu-ile zikwixesha elidlulileyo.

### *Umsebenzi 19*

Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi ezikwixesha elidluleyo:

1. Amakhwenkwe aliqengqile ilitye, laqengqeleka laya kutsho ezantsi.
2. Bafikile oNomabhongo. Uya kubonana nini nabo?
3. Ndiwufezile umsebenzi wam.
4. Abalusi bazisezile iinkomo.
5. Ugodukile umhlobo wakho?
6. Inile invula, lithwasile ihlobo.
7. Sigqibile ukuvuna.
8. Inkwenkwe izisengile iinkomo, yaza yazivalela cbuhlanti.
9. Bazibhalile iimviwo zabo abantwana.
10. Amantombazana azihlambile iingubo zawo.

### *Umsebenzi 20*

(a) Guqula ezi zivakalisi zikumsebenzi 15 zibe zezilandulayo. Kwenzeka ntoni kwisimamva esingu-ile xa isivakalisi sisesilandulayo?

(b) *Isincoko*: Uyabuthanda ubusika kusini? Xela izizathu zoko.

### *Umsebenzi 21*

Kwezi zivakalisi khetha izenzi ezikwixesha elidluleyo:

1. Uphumile umbona emasimini.
2. Akuzibonanga na iinkozi esibhaka-bhakeni?
3. Uthe zendikuxelele ukuba uhambile.
4. Sizivalile izikolo.
5. Isikhukukazi sam saqandusela amaqanda alishumi.
6. Bazamile, koko abaphumelelanga.
7. Amadoda azichebile iinwele zawo.
8. Ongahlwayelanga akayi kuvuna.



## ISIFUNDO 4

### IMO EMFUTSHANE YEXESHA ELIDLULEYO

Ukuba sithi: Ugoduke nini umhlobo wakho?

okanye sithi: **Imvula ine kakhulu,**

izenzi zikwakwixesha elidluleyo. Uphawula ntoni kwisi-mamva? Endaweni yokuba sibe ngu-ile siguquke sangu-e. Kuthiwa ke eso senzi sikwimo emfutshane yexesha elidluleyo, kanti xa isimamva kwisenzi singu-ile, eso senzi kuthiwa sikwimo ende yexesha elidluleyo.

#### *Umsebenzi 22*

(a) Khawubhale izivakalisi ezinezi zenzi zilandelayo zibe kwimo emfutshane yexesha elidluleyo:

**hamba, qala, gawula, enza, akha, ngciba, ncedisa, zama, qinisa, fumana.**

**QAPHELA:** Ezinye izenzi azibi naye u-ile kwixesha elidluleyo. Nantsi imizekelo enjalo:

**Ndimbhalele.**

**Undithumele incwadi.**

**Ivakele intetho yakho.**

Ezi zenzi nazo zikwixesha elidluleyo.

(b) *Isincoko:* **Balisa ngezizathu zokuba uyithande intwasa-hlobo.**

#### *Umsebenzi 23*

Kwezi zivakalisi zilandelayo guqula izenzi zibe kwixesha elidluleyo:

1. **Umfazi uza kuluculela ingoma usana lwakhe.**
2. **Isigebenga siyayibulala indoda.**

3. Inkomo zifunzela emasimini.
4. Iintaka zantingela phezulu.
5. Abantu bayayithandazela imvula.
6. Izilimo ziya konakala sisichotho.
7. Wabonakala ephumela ngaphaya.
8. Kwenzakala abantu abaninzi kuloo ntlekele.
9. Wamgqibela ngaloo mini uThamsanqa.
10. Inqanawo yaqhekeka ematyeni.

#### *Umsebenzi 24*

(a) Wakugqiba ukuzibhala izivakalisi kumsebenzi 23 zibe zonke izenzi zikwixesha elidluleyo, phinda uzibhale kwakhona ezi zivakalisi, kodwa ngoku zibe zezilandulayo kwexisha elidluleyo. Khawukhangele izenzi ozibhalileyo uphawule isimamva kwisenzi esilandulayo ngasinye esikwixesha elidluleyo. Ngubani isimamva?

(b) *Incwadi*: Bhalcla umhlobo wakho umxelele ukuba uza kumhambela, makakulindele.

#### *Umsebenzi 25*

Guqula izenzi zibe kwixesha elidluleyo:

1. Ndambulisele kudade wabo.
2. Ixhego liya kufika lidiniwe.
3. Umsi wenqawa uyandikhathaza.
4. Wathetha kakubi uNompni ndatsho ndaneentloni.
5. Ndiya kumbetha entloko ndimlahle phantsi.

#### *Umsebenzi 26*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi uxele ukuba isenzi ngasinye sikwixesha lini na:

1. Ndisebenzisa amakhwenkwe emasimini.

2. Ndamboleka imali engangeranti.
3. Ndiya kuboleka isali kwaMfengwana.
4. Ndimve esithi uyagula yena.
5. Baya kuvuna umbona omninzi abalimi kulo nyaka.
6. Ihashe lakhe labaleka nesali.
7. "Yizani kum nonke." Itsho iNkosi.
8. Ifikile imini ekad' ixelwa.
9. Andiyithandi intombazana exokayo.
10. Wathandazela imvula uMvangeli.

(b) *Isincoko: Umnyhadala wokbuphiswano ngomculo.*

### *Umsebenzi 27*

(a) Kwakhona kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izenzi uxele ukuba isenzi ngasinye sikwixesha lini na:

1. Utitshala ubethe intsimbi saza sangena isikolo.
2. Ubawo undithumele impahla yokunxiba.
3. Azingela iintaka la makhwenkwe.
4. Ndiyabetha emakhwenkweni xa impahla ingena emasimini.
5. Utywala buyayiphambanisa ingqondo.
6. Intaka yakha ngoboya bezinye.
7. Sohamba ngoMvulo.
8. Bohlwayela umbona emasimini.

(b) Guqula ezi zenzi zikwezi zivakalisi zibe kwixesha eladlulayo.

(c) *Isincoko: Mhla kwatsha indlu kabawo ebusuku.*

## ISIFUNDO 5

### A. IZIPHAWULI

*Yinkosi enkulu leyo.*

*Abantu abakhulu bahleli enkundleni.*

*Usana oluhle luyathandeka.*



Kwisivakalisi ngasinye eli gama libhalwe ngqindilili **lichaza isibizo**. Lisixelela ukuba **inkosi** le yayiluhlobo luni na; nokuba aba **bantu** yayingabantu abanjani na; nokuba olu **sana** lolunjani na. Kuthiwa ke la magama anjalo **ziziphawuli**.

Nazi iziphawuli ezikhoyo kulwimi lwesiXhosa:

| <b>bi</b>         | <b>de</b>           | <b>dala</b> | <b>khulu</b> |
|-------------------|---------------------|-------------|--------------|
| neziphikisi zazo: |                     |             |              |
| hle               | { fuphi<br>futshane | tsha        | ncinane      |
| kunye nala:       |                     |             |              |
| ni?               | ngaphi?             | ninzi       | nje          |

Ukulinganisa sithi: *Ngamaqanda amangaphi na la?*  
*Ngamaqanda amanje.*

Kwakhona amanani okuqala amathandathu akwazizipha wuli. Nanga:

**-nye -bini -thatu -ne -hlanu -thandathu.**

Kuphela kweziphawuli ezikhoyo kulwimi lwesiXhosa ezi. Akukho zimbi ngaphandle kwazo.

### *Umsebenzi 28*

(a) Bala iziphawuli kolu luhlu lungasentla. Zingaphi na? Khumbula le nto: Akukho zimbi iziphawuli kulwimi lwesiXhosa ngaphandle kwezi zinikiweyo ekukuphela kwazo.

(b) Kwezi zivakalisi zilandelayo khethe iziphawuli uxele okokuba isiphawuli ngasinye sichaza siphil na isibizo:

1. Idiniwe indoda endala.
2. Umfundisi wokuqala owakha esi sikolo sikhulu ngu-Sitshixo.
3. Ndiyawuthanda umsebenzi omhle.
4. Masinqumle ngendlela emfutshane madoda.
5. Lowa mthi mde uwiswe ngumoya izolo.

6. Intwana encinane ngexesha ilungile kunelize.
7. Utata unamahashe amabini.
8. IQonce yidolophu ekufuphi kule ndawo kuneyakwa-Qoboqobo.
9. Ukusuka apha ukuya edolophini ziimayile ezintlanu.
10. Isonka esenziwe ngombona omtsha simnandi.

(c) *Incwadi*: Bhalela umhlobo wakho umxelela ngotyelelo lwenu elwandle.

## B. ISIVUMELANISI SESIPHAWULI

Xa uthi **isitya esidala** uphawula sakhi sini na ekuqaleni kweli gama lithi **esidala**? Eso sakhi sibhekisa kuliphi igama? Kutheni lento singathi **isitya elidala**?

Esi sakhi sesiphawuli kuthiwa **sisivumelanisi**. Sibufana nesimaphambili sesibizo esichazwa sisiphawuli eso. Esi sivumelanisi ke kuthiwa **sisivumelanisi sesiphawuli**.

### *Umsebenzi 29*

Makhe sithabathe isiphawuli esingu-**hle**. Sebenzisa ezi zibizo zilandelayo, isibizo ngasinye usisebenzise no-**hle**, u-**hle** lo echaza eso sibizo kwisinye nakwisininzi, njengolu hlobo:

- |                |               |
|----------------|---------------|
| 1. Umntu omhle | abantu abahle |
| 2. umthi omhle | imithi.....   |
| 3. ilitye..... | amatye.....   |
| 4. isihlangu   | Qhuba njalo.  |
| 5. indlu       |               |
| 6. uxande      |               |
| 7. ukuthetha   |               |
| 8. ubuso       |               |

Wakuba uyenzile le nto qwalasela ngenyameko zonke izivumelanisi zeziphawuli.

Ke ngoku zintathu iintlobo zezivumelanisi ozifundileyo; zezi: (a) isivumelanisi sentloko; (b) isivumelanisi senjongo-senzi; (c) isivumelanisi sesiphawuli.

### *Umsebenzi 30*

(a) Kwezi zivakalisi izivumelanisi zibhalwe zangqindilili zona. Ke wena xela uhlobo lwesivumelanisi ngasinye:

1. Aba bantu bathi badiniwe.
2. Ilitye ndilimbe ndaliqengqa.
3. Isitya esihle asidleli.
3. Umntwana omncinane ulele.
5. Andikuthandi ukuthetha okubi.
6. Silufumene olu sana lulele.
7. Makuthengwe iincwadi ezintsha.
8. UMzingisi uncenkuku ezininzi, zizalise ithafa.
9. Umntu endimbonileyo mna ngumntu omkhulu.
10. Utitshala uluthathe olo swazi walwaphula walwenza izijungwana.

(b) *Isincoko*: Mhla kwasisiphithi-phithi ediphini.

### *Umsebenzi 31*

(a) Sebenzisa ezi zibizo no-bini, osisiphawuli senani, nje-ngolu hlobo: Abahlobo ababini.

Imilenze, amatye, izitya, iifestile, iingxande, iimfene, ubuso.

Izivumelanisi ezihamba no-bini ziyafana na nezo zihamba no-hle?

## ISIFUNDO 6

### IZIBALULI

*Yindlela ebanzi le.*

*Umalume uneebhokhwe ezimhlophe.*



*Oku kutya kukutya okumnandi; ndiyakuthanda.*

Kwezi zivakalisi zingentla amagama abhalwe ngqindilili abufana neziphawuli. Kuthiwa ukubizwa kwawo **zizibaluli**. Kanye njengeziphawuli nazo zichaza izibizo. U-*ebanzi* usixelela ukuba indlela yenjani na; u-*ezimhlophe* usixelela ukuba zinjani na iibhokhwe zikamalume; u-*okumnandi* usixelela ukuba ukutya kokunjani na.

Isibaluli ngasinye sineendawo ezimbini, ezizezi:

|               |          |
|---------------|----------|
| Isivumelanisi | Isiqu    |
| e-            | -banzi   |
| ezi-          | -mhlophe |
| oku-          | -mnandi  |

Isivumelanisi sesibaluli sibufana nesimaphambili sesibizo esichazwa sisibaluli eso. Nantsi imizekelo:

|                          |                          |
|--------------------------|--------------------------|
| <i>isitya esimhlophe</i> | <i>izitya ezimhlophe</i> |
| <i>uluthi olumnyama</i>  | <i>izinti ezimnyama</i>  |
| <i>umngxuma onzulu</i>   | <i>imngxuma enzulu</i>   |

### *Umsebenzi 32*

Fakela izivumelanisi ezifanelekileyo kwizibaluli ezikwezi zivakalisi:

1. Imoto ayinakuhamba kwindlela . . . mtyibilizi.
2. Sula itafile leyo ngelaphu . . . manzi.
3. Utata usithengele iimpahla . . . dulu.
4. Zihlambe ngamanzi . . . dikidiki.
5. Sisiziba . . . nzulu esi.
6. Le ntombazana inxibe ilokhwe . . . bomvu.
7. Imithi yahluma ehlotyeni yatsho yanamagqabi . . . luhlaza.
8. Asinakuwugawula lo mthi ngezembe . . . buthuntu.
9. Buboya . . . mfumfum obu.
10. Abantwana . . . sixhenxe bafike emva kwexesha.

Bhala izivakalisi ezinezi zibaluli:

-shushu, -krakra, -lula, -buhlungu, -lukhuni, -gwangqa,  
-mdaka, -nzima, -kude, -mxinwa.

## ISIFUNDO 7

### IZIMELABIZO ZOKUKHOMBA

Xa sibuzwa umbuzo onje: **Esiphi isitiya?** impendulo inokuba ngu-**esi**, okanye ibe ngu-**eso**, okanye ibe ngu-**esiya**; okanye singathi ukuphendula: **esi sitiya**, okanye **eso sitiya**, okanye **esaa sitiya**. La magama angu-**esi**, no-**eso**, no-**esiya** okanye **esaa**, alatha okanye akhomba isitiya, aye emele kwasona. Kuthiwa ke ngoko loo magama **zizimelabizo zokukhomba**, okanye **izimelabizo zokwalatha**.

Nazi ezinye izimelabizo zokukhomba:

**olu luthi, olo luthi, olwaa luthi, oluya luthi.**

Sinako nokuthi:

**uluthi olu, uluthi olo, uluthi oluya.**

Kucacile ke ukuba kukho iindidi ezintathu zezimelabizo zokukhomba. Nanzi:

1. Udidi lokuqala lwesimelabizo sokukhomba esingu-**esi** okanye **olu** lukhomba kwinto ekufutshane nomntu othethayo.
2. Udidi lwesibini lukhomba kwinto ethe qelele umgama okufutshane kumntu othethayo.
3. Udidi lwesithathu lukhomba kwinto ekude lee kumntu othethayo.

1. Sebenzisa ezi zibizo zilandelayo kunye nezimelabizo

zokukhomba zodidi lokuqala: nqwelo, isitena, umqolomba, umzukulwana, isango, ubuvila, ukubhadula, utywala, ufudo, ingxolo.

*Sithi ukulinganisa: le ncwadi.*

2. Phinda usebenzise kwala magama, kodwa ke ngoku uwasebenzise nezimelabizo zokukhomba zodidi lwesibini.
3. Kwakhona phinda usebenzise kwala magama, kodwa ke ngoku uwasebenzise nezimelabizo zokukhomba zodidi lwesithathu.

### *Umsebenzi 35*

(a) Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izimelabizo zokukhomba, uxele ukuba isimelabizo sokukhomba ngasinye sesaluphi na udidi, oko kukuthi udidi lokuqala, udidi lwesibini, okanye olwesithathu:

1. Obaa buhlanti bobeenkomo.
2. Kweyela umntu kweso siziba.
3. Yeyokufundela abantwana loo ndlu.
4. Ndiyayithengisa le nkomo.
5. Zazigqiba iinkomo ezo zifo.
6. Obu budenge bokwala into elungileyo bungummangaliso.
7. Andizifuni ezi ntswazi kule ndawo.
8. Oku kwazi unako nje, le mihlaba, eli wonga, uzizuze njani na?

(b) *Incwadi:* Bhalela umfundi okwisikolo esimelene nesenu umemela iqela labadlali bebhola beso sikolo kumdlalo oza kubakho kwesenu isikolo. (Wena ungumphathi weqela labadlali kwisikolo sakho).

### *Umsebenzi 36*

Kwezi zivakalisi khetha izimelabizo zokukhomba, uxele ukuba isimelabizo sokukhomba ngasinye sesaluphi na udidi, oko kukuthi udidi lokuqala, olwesibini, okanye olwesithathu:



1. Eli gama lokuba nguBhed'idlaba lindiranisile.
2. Eziya ntwana ziphulaphule laa ntetho yexhego.
3. Ezi zitya zixabisekile.
4. Oku kuthetha kunje andivani nako.
5. Ezi ndlela zokuxoxa zezabantu abachasene nenkqubela.
6. Lo mfo uthi loo nto akayithandi konke.

### *Umsebenzi 37*

Fakela izimelabizo zokukhomba kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. .... mihlaba yale nkosi iyachuma.
2. Intetho .... uyenzileyo yamkelekile apha kulo mzi wakowethu.
3. .... zikolo zitsha zinikelwa kwabo bantu bazifunayo.
4. .... mntwana bendithetha ngaye ufike nale nkosikazi.
5. Andizazi .... zinto benithetha ngazo nala madoda.
6. Icephe .... kunye nezitya .... zezam.
7. Isitshixo .... yinto yokuvula .... mnyango.
8. Asinayo .... mali ifunwa ngaba bantu.
9. Umntwana .... ongevayo ufanele .... sohlwayo siya kumguqula.
10. .... sikolo sifanele ukukhula.
11. Ubusela .... yinto embi.

## ISIFUNDO 8

### ISIMNINI

*Aba bantu ngabantu benkosi. Yimidlalo yabantwana leyo.*

La magama abhalwe ngqindilili asixelela ntoni? Asixelela ukuba ngabantu bakabani na, nokuba yimidlalo yobani na. Asixelela ukuba ngobani na abanento okanye abanini-nto. Kuthiwa ke ngoko loo magama zizimnini.

Nantsi eminye imizekelo yezimnini:  
*impahla yakowethu; uluvo lwam; iincwadi zakhe; ukufa kwenkosi.*

*Umsebenzi 38*

(a) Yenza izivakalisi ezinezi zimnini zilandelayo:  
yolwandle, lwendlu, sakho, yentombazana, zomfana, zasebusika, sasendle, akowethu, bobusi, labo, lomfundisi, babo, yemithi, yetafile, womlambo.

(b) *Isincoko: Mhla ndalableka enkungwini.*

Xa siqwalasela isimnini ngasinye sifika siphawule ukuba sinokusahlula kubini, njengolu hlobo:

|            |   |               |
|------------|---|---------------|
| benkosi    | = | be + nkosi    |
| yabantwana | = | ya + bantwana |
| lwam       | = | lwa + m       |
| yakowethu  | = | ya + kowethu  |

Le ndawo yokuqala yesimnini kuthiwa **sisivumelanisi sobunini**. Esi sivumelanisi sisingisele ntwenini? Khawukhangele eli gama: **abantu benkosi**. U-**be** lo usingisele entwenini? Usingisele kwinto enayo inkosi. Uyaphawula na ukuba isivumelanisi sobunini sibufana nesimaphambili selo gama lento inkosi enayo? Utitshala makakuchazele le ndawo.

*Umsebenzi 39*

1. Zingaphi na iintlobo zezivumelanisi ose uzifundile ngoku? Khawuzibize okanye uzibhale.
2. Kwezi zivakalisi zilandelayo khetha izivumelanisi zobunini:
  - (a) Ilizwe lakowethu liyintombazana.
  - (b) Uzibeke phi iincwadi zakhe?
  - (c) Incindi yekhala ikrakra.
  - (d) Nantsi inkomo yakowenu. Liphi ithole layo?
  - (e) Isithile ingubo yam.

### Umsebenzi 40

(a) Khetha izivumelanisi zobunini:

1. Ukukhonya kwemiqhagi kwandulela ukuphuma kwelanga.
2. Amagqabi omthi aluhlaza.
3. Ngumntu wasemaXhoseni lo.
4. Indlu yenkosi yethu igqityiwe ukwakhiwa.
5. Intlanganiso yomzi seyiphumile.
6. Abafazi bentlanganiso yomanyano lwabalini baqokelela imali yengxowa yabo.
7. Abafundisi becawa yaseTshetshi bahlangene ngemicimbi yabo.
8. Imilenze yetafile minc.
9. Umfanekiso wenkosi yethu mhle.
10. Iinkomo zikatata neenkuku zikamama zigcinwa ngenyameko.

(b) *Incwadi*: Utitshala omncinci ubekuthume evenkileni ukuphuma kwesikolo. Akuzifumananga ezo mpahla ebekuthume zona, akwaphumelela nokuya kwakhe. Uthumele kuwe ngoratya, ukuba kuphuthunywe ezo mpahla. Bhala incwadi umxelela loo nto nesizathu sokuba ungezi kumxelela, ucele uxolo.

### Umsebenzi wesimnini

Umsebenzi wesimnini kukuchaza ubume bokuba nento, oko kukuthi isimnini sichaza loo nto sukuba umnini anayo. Makhe senjenje ukulinganisa:

**Indlu yenkosi yethu.** Indlu yile nto inkosi inayo; u-yenkosi sisimnini, kuba uchaza **indlu** le ukuba yekabani na, okanye ngubani na umniniyo.

### Umsebenzi 41

Khawukhangele kwezi zivakalisi zikumsebenzi 34. Kwisi-vakalisi ngasinye khetha isimnini uxele nokuba sisiphi na isibizo esichazwa seso simnini.



## ISIFUNDO 9

### UKWAKHIWA KWEZIVAKALISI

**Amantombazana aya kukha amanzi emlanjeni.**

Sisivakalisi esinye esi. Khawuxele ukuba isivisa sisiphi na kwesi sivakalisi. Zingaphi izivisa kuso?

Sinye kuphela isivisa. Esi sivakalisi ke ngoku kuthiwa sisivakalisi esisodwa okanye esigatyanye.

Nasi esinye isivakalisi esisodwa: **Amantombazana ayabuya esikolweni.**

Ezi zivakalisi zozibini singazidibanisa zenze isivakalisi esidana ngolu hlobo:

**Akubuya esikolweni amantombazana, aya kukha amanzi emlanjeni.**

Ke ngoku kwesi sivakalisi izivisa zibini: u-**akubuya** no-**aya kukha**. Ngoko ke esi sivakalisi asisiso sivakalisi sisodwa, kodwa sisivakalisi esixandileyo.

Nazi kwakhona izivakalisi ezibini ezigatyanye:

**Ndiza kuyinxiba ihempe. Ndayithengelwa ngutata evenkileni.**

Singazidibanisa ezi zivakalisi zigatyanye zozibini zenze isivakalisi esinye esixandileyo, njengolu hlobo:

**Ndiza kuyinxiba ihempe endayithengelwa ngutata evenkileni.**

Singazidibanisa izivakalisi ezigatyanye ngeendlela ezahlukahlukileyo. Nangu omnye umzekelo waloo nto:

**Akufundi ngenyameko; akuyi kuphumelela eluviweni.**

(a) **Ukuba akufundi ngenyameko akuyi kuphumelela eluviweni.**

okanye singathi:

(b) **Njengokuba ungafundi ngenyameko nje akuyi kuphumelela eluviweni.**

### *Umsebenzi 42*

Khawulinge ukudibanisa ezi zivakalisi zingazibini zibe sisivakalisi esinye esixandileyo:

- A.
1. Akafikanga ngexesha; sisuke samshiya.
  2. Intsimbi yesikolo ikhalile; masibaleke.
  3. Ndibabethile abantwana; abawenzanga umsebenzi wabo.
  4. Ndamnika ukutya uThemba; wafika ekhaya emalanga.
  5. Wandibuza imvelaphi; ndamphendula ngokukhawuleza.
  6. Ndiphe amanzi; ndiza kuhlamba izandla.
  7. Ndiyahamba ngoku. Ndigqibile ukutya.
  8. Latshona ilanga. Wazivalela iinkomo.
- B.
1. Inkabi ndiyithengile. Indidle iiponti ezilishumi.
  2. Umvi wezikolo ufikile. Ubaphumelelisile abantwana.
  3. Ithole ndilikhethile. Sibe nokusenga kusasa.
  4. Ugqibile ukwakha ubuhlanti; iinkomo uzivalela khona.
  5. Yizani. Ndiza kunixelela umsebenzi wenu.
  6. Akasebenzanga. Akasayi kuphumelela.
  7. Ndimbizile uMzingisi. Uzile ngokukhawuleza.
- C. *Isincoko: Yana loo mini kwahlokoma neendlela.*

### *Umsebenzi 43*

Gqibezela ezi zivakalisi (zizivakalisi ezigatyanye):

- A.
1. Abantwana be . . . bafike i . . .
  2. Izulu liya . . . ehlotyeni.
  3. Amahlankomo ziintaka ezi . . . ehlotyeni.
  4. Amadoda e . . . igolide c . . .
  5. Idayimani ifu . . . eKhimbili.
  6. Uloliwe u . . . phezu kweentsimbi.
  7. Isela . . . iinkomo zantlanu.
  8. Indoda yo . . . usapho lwa . . .
- B.
1. Umbona wam . . . bhulile.
  2. Sakhe . . . nti zeenkomo zambini.
  3. Lo mnqwazi neli qhina . . . ngwe evenkileni izolo.

4. Umntu o . . . . ulaliswa esi . . . . la.
5. Uno . . . . udla izithombo ema . . . . ni.
6. La . . . . inkonyana kunina.
7. Ebu . . . . iinkomo zi . . . . qa emadizeni.

*Umsebenzi 44*

Gqibezela ezi zivakalisi zixandileyo:

- A. 1. Ukuba besisuke kwa-oko ekhaya, . . . . .
2. . . . . nge engafanga.
  3. Nje ngokuba ndimbizile, . . . . .
  4. Akucela, . . . . .
  5. . . . . xa athetha nam.
  6. Ndimxelele ukuba . . . . .
  7. . . . . ze ningamshiyi.
  8. . . . . baxela inyaniso.
- B. 1. Ndimfune ndada . . . . .
2. Akuba etshilo . . . . .
  3. . . . . ukuba masimculele.
  4. Bakusibona . . . . . kubo.
  5. Andimazi ukuba . . . . . nini na.
  6. . . . . ukuze ndicime unxano.
  7. Wasiyalela ukuba . . . . .
- C. *Isincoko*: Mhla amakhwenkwe abopha izinja ezenza iinkabi.

## ISIFUNDO 10

### IMIYALELO

**Ngokuthi: Hambani! Yiz' apha! Balekani! Sukucotha! Ungalibali! siyayalela okanye senza imiyalelo. Izenzi esizisebenzisayo xa siyalelayo kuthiwa ziziyaleli ukubizwa kwazo.**

Umyalelo unokuba ngothintelayo, nje:

**Musa ukucotha! okanye Msukucotha! okanye Sukucotha! okanye Ungacothi! okanye Uze ungacothi!**



(a) Bhala iziyaleli zezi zenzi zilandelayo kwisinye nakwisi-ninzi:

ukubhala, ukusondela, ukuvuma, ukuva, ukwandisa, ukumba, ukugoduka, ukwenza, ukuza, ukumkhombisa indlela, ukuzihlamba, ukubakhapha, ukuwugqibezela umsebenzi.

(b) Ngoku ke ziguqule iziyaleli ozibhalileyo zibe zezithintelayo.

## ISIFUNDO 11

### IZICHASI

Funda esi sivakalisi: *Eli litye likhulu, eliya lona lincinane.* Yintoni oyiphawulayo kula magama abhalwe ngqindilili? Ukuphawule na okokuba eli lingu-*lincinane* lichasene ne-*lingu-likhulu*?

U-*lincinane* ukubizwa kwakhe sisichasi sika-*likhulu*.

### Umsebenzi 46

Kwezi zivakalisi zilandelayo kukho izikhewu emawufake kuso ngasinye igama elisisichasi selo libhalwe bukekela:

- A. 1. Ezam iimpahla *zimanzi*, ezakho z. . . .  
2. Le nkwenkwe *ityebile*, kodwa intombazana i. . . .  
3. Utata undithengele ihempe e. . . ., kanti bendifuna ihempe *emhlophe*.  
4. I. . . . siyahlwempuzeka, kanti *isilumko* siya . . . .  
5. Ihashe likaMzingisi *yimbaleki*, kodwa elikaBantuntu s. . . .  
6. Ubawo uthengise iinkomo zakhe *eziyimigqutsuba*, wathenga iinkomo z. . . .

7. Ukuwuhlamba umzimba *kuyawucoca*, kanti ukubila kuyawu . . . .
  8. Umntwana yinto ethi igqiba *ukulila*, ibe seyi. . . .
- B.
1. Imini y. . . . imnandi, kanti *eyokufa* imbi.
  2. *Izityebi* ziqesha a. . . .
  3. *Intswela* yinto y. . . ., kanti i. . . . yinto *yezikhuthali*.
  4. *Ucuntsu* akafani n. . . .
  5. Umntu owenza imisebenzi emihla kuthiwa *ulungile*; owenza emibi kuthiwa u. . . .
  6. Sesuka ekhaya *ukuphuma* kwelanga, saya kufika edolophini u. . . . kwalo.
  7. Ndithe *ndisakha* nje, kanti bona b. . . .

## ISIFUNDO 12

### UPHAWU LWESIKHUZO (!)

**Halala! Nguwo, nguwo, nguwo, ngumtshato! Nxa!  
Suka, uyandikhathaza!**

Kule mizekelo ingasentla khawukhangele uphawu lwesikhuzo. Ucinga ukuba uphawu lwesikhuzo singalusebenzisa xa kutheni?

**Uphawu lwesikhuzo silusebenzisa xa sisebenzisa amagama okukhuza. Nantsi eminye imizekelo: Taru! Ngxatsho ke!  
Athi ke mna! Mawo!**

Khawubize amanye amagama okukhuza.

Kwakhona silusebenzisa uphawu lokukhuza xa sinika umyalelo; njengolu hlobo:

**Goduka! Phakamani! Yizan' apha!**

#### *Umsebenzi 47*

(a) Fakela iimpawu zokukhuza kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. Yini na le mfondini

2. Awu madoda niselapha kanti
3. Ho Khawume
4. Kwedini yiz' apha
5. Mhlekezi Gudlulwandle
6. Wena wakhulu silibele
7. Yini ngoku Nakuhamba nini
8. Yeha lavuth' ibhayi, kuza kudlalwa
9. Uho makwedini sakuhlangana
10. Wenna mntundini
11. Yoho sakuhlangana
12. Ii ntondini
13. Ha kumhla zendive
14. He namhla kunamhla
15. Helele bendikuxelele
16. Ho-o-o-yini

(b) *Incwadi*: Bhalela umhlobo wakho umcebisa ukuba alifunde iphepha labafundi **Umhlobo Wabantwana**, umcacisele nezinto ezinomdla anokuzifumana kwelo phepha.

## ISIFUNDO 13

### IIMPAWU ZOCAPHULO

Khawufunde ngenyameko esi siqendu silandelayo uphawule indlela esibhala ngayo amazwi kanye athethwa ngabantu okanye zizilo:

Ngobo busuku uThemba noNomsa baphupha ngeengwamza ababezibone ethafeni. Yanga enye yazo iza kubo ithi, "Aningethandi na ukuhamba nathi ekupheleni kwehlobo xa sibhabha sicanda ulwandle ukuya kumazwe asentla?"

"Ewe, singathanda kakhulu ukuhamba nani, kodwa asinako, kuba asinawo amaphiko. Asikwazi ukubhabha; sinyanze-



lekile ke ngoko ukuba sihlale kwalapha ekhaya," batsho budana ukuphendula.

"Akufuneki nganto ukuba nibe namaphiko," yatsho ingwamza. "Ninokubeleka apha kum ndinise apho."

**Ngalo lonke ixesha esibhala uqobo lwamazwi athethiweyo njengala siwabiyela ngeempawu zocaphulo.**

#### *Umsebenzi 48*

Ke ngoku khawuzame ukufakela iimpawu zocaphulo kwiindawo ezifanelekileyo kwesi siqendu silandelayo:

Ngengomso banxiba ezona mpahla zabo zintle, yekoko ukuya endle apho bafika ingwamza scyibalindele. Yabanika iyeza yathi, Selani, eli yeza liza kunenza ninciphe nibe lula.

Kodwa ke ukuba siyalisela eli yeza asiya kusoloko sinciphile na babuza oThemba noNomsa.

Hayi, ndinamanye amayeza aya kunenza bakhulu kwakhona.

Basela ke ngoko, kwathi kwakamsinyane bancipha banga-ngeempuku.

#### *Umsebenzi 49*

(a) Khawubhale esi siqendwana silandelayo ufakele iziphumlisi ozaziyo zonke kwiindawo ezifanelekileyo. Fakela nonobumba abakhulu apho bafanelekileyo:

bebhabha njalo uthemba wavakala esithi akutsho ukuthi kumnandi ukubhabha ngolu hlobo akwaba bendikwazi ukubhabha njengengwamza uyazi ndiza kukhe ndilinge

ce sukapha themba ungakwazi njani ukulinga ukubhabha wabuza uNomsa kufuneka unawo amaphiko ukuze ubhabhe ube wena ungenawo

shu yeka uza kubona watsho uthemba ndiza kuba namaphiko kwakamsinyane

(b) *Isincoko*: Umzi endiya kuzakhela wona.

## ISIFUNDO 14

### ISIMELI-NOBUMBA

**Umf' omkhulu. Yizan' apha!**

Uyasiqonda na isizathu sokuba sisebenzise izimeli-nobumba kula magama? Ummiselo wokusetyenziswa kwesimelinobumba ulula kakhulu. Nangu: Nanini xa sukuba sishiyelela unobumba egameni sifakcelela isimeli-nobumba kuloo ndawo sishiyelele unobumbo ukubonisa loo ndawo unobumba oshiyelelweyo ebefanele ukuba kuyo.

#### *Umsebenzi 50*

Ke ngoku khawubhale ezi zivakalisi zilandelayo ufakele izimeli-nobumba kwiindawo ezifanelekileyo:

Le nt umnt ithand ukwaziwa,  
Le nt umnt ikwanal iliwa,  
Indolos ekhaya imihla nezolo,  
Ithi, "Ikhaya lam lizulu lam."

lingcing azivum ukulibal ikhaya,  
Zikhumbuz indoda ngonina noyise,  
Zibuyisa kud ezwen lasemzini,  
Zithi, "Phind ekhaya, lizulu lakho."

#### *Umsebenzi 51*

Khawubhale ezi zivakalisi zilandelayo ufakele izimeli-nobumba kwiindawo ezifanelekileyo:

1. Ithe yakuqin imini agoduk amadoda.
2. Bhinqan omfutshane bantwana bomf omkhulu!
3. Khumbul uMdali wakho mfanam!
4. Yehl intlekele madod akuthi!

5. Yizan apha ndinibonis indlela ey ekhaya.
6. Intw embi andiyifuni.
7. Bayanqen ukusebenza aba bantu basemzin akho Majongilanga.
8. Aph uhleli khona nabany abantwana theth iinto zengqondo.
9. Ndiphi n apha namhlanje?
10. Phuma kwedin unqandinja le ingadl umntu wasemzini!
11. Watshitsha uMvangeli phezu kwenkabi yakhe yehashe, isithuthuzel, isicaka seNkosi kuloo ndlel ibeth emaxandeken entaba.
12. Khawume mfondini, ndingakubeth emlonyeni! Mus ukuthetha kangaka!

## ISIFUNDO 15

### IZIFANISO NEZIKWEKO

#### A. IZIFANISO

##### *Umsebenzi 52*

(a) Kwisifaniso into ifaniswa nenye ukwenzela ukuphuhlisa nokucacisa ngakumbi loo nto ichazwayo. Chaza okuthethwa sisifaniso ngasinye kwezi zilandelayo:

1. Umnyama ngokokhozo lomya.
2. Waziphatha njenginja.
3. Safika edunduluze ngokwethanga.
4. Iqaqambe ngokwekhwezi.
5. Ukhanya njengomso oqaqambileyo.
6. Eli yeza likrakra njengekhala.
7. Ucande isibhakabhaka njengokhozi.
8. Intliziyo yakhe injengekhephu.



9. Le ntombazana ibukeka njengentyatyambo.

10. Unamaqhinga uSisa nqwa nempungutye.

(b) *Isincoko*: Nene-nene, ndacela koxhonga loo mini!

## B. ISIKWEKO

Xa sithi: *UVuyiswa* uyintyatyambo, sitheth' ukuthi uVuyiswa lo mhle njengentyatyambo.

Kwakhona, xa sithi: *UThami noLizo* bayinyoka nesele, sitheth' ukuthi bafana nenyoka nesele ukungavani.

La magama abhalwe angqindilili kuthiwa zizikweko ukubizwa kwawo.

### *Umsebenzi 53*

Nazi ezinye izikweko. Chaza ukuba zithetha ukuthini na.

1. UNolenti waphuma endlwini eligwele ngumsindo.
2. UNosizwe noNomhle bangumtya nethunga.
3. Kwakuyinkungu nelanga komkhulu ngemini yembizo.
4. Inene uGabi uyingonyama engenakunqandwa bani.
5. Ngokutsho ke uchane ucwethe.
6. A suka! Ulilitye uSikhenkelele, akanakuqhubela phambili ezifundweni zakhe.
7. Ubokumlumkela uSpoponi, ngudyakalashe lowo.

### *Umsebenzi 54*

#### **Amaxesha Emini**

Chaza ukuba kuxa nini:

- |                            |                         |
|----------------------------|-------------------------|
| 1. Ukukhala kweenkuku.     | 6. Ukubetha kwempepho.  |
| 2. Ukuwa kweenkuku.        | 7. Xa lingangcayo.      |
| 3. Ukuthi chapha kwelanga. | 8. Ngongcwalazi.        |
| 4. Ngentlazane.            | 9. Ngekhwezi.           |
| 5. Ukuthambeka kwelanga.   | 10. Xa lithi ndithenge. |

Ukubeka abantu; ukubek' inqawa; bangumtya nethunga; yinyoka nesele; ngoratyá lwemivundla; ukuchan' ucwethe; ngeempukane eziluhlaza; ukumbambisa isisila sehobe; ukulila esimantshiyane; undaba-mlonyeni.

Kwezi zivakalisi zilandelayo vala izikhewu ngokufakela isaci esifanelekileyo kwindawo nganye, ukhethe kwezi zingentla:

1. Kuyinto elungileyo nebukekayo ukuba abantwana ba-  
.....abakhulu.
2. Besinqophisene ukudibana apha noMandisa ngeli xesha; akafiki, sendibona ukuba undi.....
3. Uyalungisa ukuthetha xa wenjenjalo, ndingathi..... kuba ngowona mxholo womcimbi esidibene ngawo lowo.
4. Noko loo ndawo iyathethwa, sesikhe sayithi rithi ngee-  
..... saqonda ukuba injalo kanye.
5. Batheni ukungayazi into eseyidume kangaka engu ..... kuyo yonke le lali?
6. Wa ..... esemncinane umfo kaGatyeni waya kwele-  
mimoya.
7. Wala ukumondla umkakhe wamshiya e ..... yedwa ekhaya.
8. Nakubeni usibonda noMgqutyana bebevana be ..... uthe akona uMgqutyana wagwetywa ngusibonda; wabhena.
9. Kwathi kanti uMantyi noMgqutyana yi ..... ngenxa yokona kukaMgqutyana futhi-futhi wamgweba naye.
10. Banduluke malanga edolophini baya kufika ekhaya ngo-  
.....

*Incwadi:* Bhalela umhlobo wakho umbalisela ngendlela enithe nazonwabisa ngayo nina lutsha kumtshato wodade wenu.

# ISIFUNDO 16

## AMAQHALO NEZACI

### A. AMAQHALO

**Umkhosi udl' amahashe:** Ihashe yinto engatyiwayo. Xa ke umntu athi "Umkhosi udla amahashe" uthetha ukuthi indlala inkulu kangangokuba angatyiwa namahashe.

#### *Umsebenzi 56*

Cacisa ngokunjalo into ethethwa ngala maqhalo alandelayo kungenjalo uwasebenzise kwizivakalasi ezibonakalisa ngokumhlophe ukuba uyayazi into ethethwa ngawo:

1. Inja ilala eziko.
2. Iindonga ziwelene.
3. Akukho nkwali iphandela enye.
4. Guga sithebe, kudala usophulela.
5. Azililanga.
6. Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.
7. Umvundla uzek' indlela.
8. Isikhuni sibuya nomkhwezeleli.
9. Deda mhlangala endaweni yenyhwagi.
10. Itshoba lilele umbethe.

### B. IZACI

**Wacela kwabanentsente:** Oku kutshiwo xa kuthethwa ngomntu othe *wabaleka*. Ukubaleka oku kusenokuchazwa nangezinye iintetho ezinjengezi: **ukucela koxhonga; ukubeleka abasicatyana.** Iintetho ezilolo hlobo sithi zizaci.



Ezi zivakalisi zilandelayo zinezaci. Chaza ukuba isaci ngasinye sithetha ukuthini na.

1. UVelile noMziwandile bangumcephe ucandiwe.
2. Ubawo usadl' amazimba.
3. ULangeni ngumfo osuke egadeni.
4. Emva kweemvula zentwasahlobo ilizwe liyintombazana.
5. Sanduluka ukuya edolophini singumkhosi.
6. Uze ungamhlebeli yena, akanasifuba.
7. Gquth' iindlebe, mfondini, andikuphinda ndikuxelele.
8. Ningathambi amadolo, lo msebenzi ufanele amadoda.
9. Ndakuzibona ndimi phambi kwabantu ndaziva ndincantaka.
10. Sukumnanza uLulama, akanantloko.

## I Z I N C O K O

1. Into endabaliselwa yona nguqhimngqoshe ephupheni lam.
2. Izibongo zenkuz' enkomo yam yomdongwe.
3. Imbila yaswel' umsila ngokuyalezela.
4. Indlela eyathi imfene yaqhathwa ngayo yimpungutye.
5. Mhla sothuswa yinyoka emanzini siqubha.
6. Umalume akazidli ngako xa akhwele ehasheni lakhe!

## I I N C W A D I

1. Bhalela uyihlo osebenza eKapa umxelela ngezinto enizifundayo esikolweni.
2. Bhalela umhlobo wakho umxelela ngemini owaqala ukukhwela ehasheni.
3. Bhalela umhlobo wakho umxelela ngamava akho mhla waqala ukukhwela ehasheni okanye ebhayisekileni; okanye umxelela ngamava akho mhla wothuswa yinto emlanjeni niye kukha amanzi.

# ISIFUNDO 17

## UVAVANYO LOKUQONDA

Fundisisa ezi zicatshulwa wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

A. Njengomntu okhuthele kangako ke sasuka eso siphosika-titshala sabasulela kakhulu nabantwana besikolo sakhe, baphambili kakhulu emidlalweni nasengomeni, ingabo abasoloko bezuza ikhaka lesosithili saseMgqoncini. Ayizange ingabikho igusha emnyama nakuwuphi na phofu umhlambi. Igusha elolo bala ke eMgqoncini apho yayinguSithabathaba, inkwenkwe yakwaTolibhadi emaMpemvini.

Wakuqala oku kunqena uSithabathaba esesisibothwana, suke akuthunywa asitsho isikhalo. Wayenza le nto ixesha elide, esinda njalo ekusebenzeni. Kaloku wayehlala nexhegokazi elidala kunene, uninakhulu, uNomtyhutyhumezo, lingasafekethisi, lisenza umhlola. Wada wayinkwenkwe endala lo mntwana esabelekwa, suke abe ngumkhombe umntu omdala akuthethiswa ngale nto, esithi, “Ndiyekeni mna bethu, kuphela kwento endishiyeke nayo le kulo mhlaba; sisithabathaba sam esi.”

1. Umntu okhuthelayo ngumntu otheni?
2. Sisipho sini na esihle awayenaso utitshala?
3. Esi siphosaba nampembelelo zini na ebantwaneni besikolo?
4. Xa kuthiwa uSithabathaba wayeyigusha emnyama kutheth' ukuthi wayeyigusha nyani?
5. Kuthethwa ntoni ngegusha emnyama?
6. Yintoni isibothwana?
7. USithabathaba wayefekethiswa ngubani?
8. Wayesinda njani ekusebenzeni?
9. Kukuthini ukuthethiswa?
10. Xa umntu angumkhombe kuxa sukuba kutheni?

11. Yintoni umkhombe?
12. UNomtyhutyhumezo wayebangelwa yintoni na ukuba abe ngumkhombe?
13. Isithabathaba yintoni?
14. Yintoni eyabangela ukuba uSithabathaba abe livila?
15. Uyintoni umntu ongelovila?

B. Kuba yinto embi nebangela iintloni ukukhwela ihashe elisisifede elinqenayo. Umntu okhwele ihashe elisisifede wofika ethe ukuhlala apha esalini athande ukuthambekela phambili, apho intliziyo yakhe ingxamele khona; lithi ihashe lakhe akulibetha lisuke lithi nquntsu-nquntsu umganyana libuye licothoze. Ukuba uthe roqo ukulibetha, lisuke litshawuze umsila, maxa wambi lithi mhentsu likhabe umoya, selifuna ukumkhahlela phantsi umnino. Ihashe elisisifede alizithandi ngako iindaba clingazivayo! Lisuka lithi lakubona umntu esiza ngaphambili, ubone selithe bhoo iindlebe, lilindele ukuva ilizwi lemolo. Bothi nje ukuba abantu baqale ukuthetha, libe selisima bhuxc lingemiswanga, lide xa limbi liwuthi bhetye umlenze, lime ngokungathi liyathuthuzelwa zezi ndaba. Woyibona into embi bakugqiba ukuthetha, unotshe ukuba lisuke kuloo ndawo belikuyo, ibe ngumzamo libethwa kwaphuke zintswazi, lihintswe nangezithende, lide ngelikade ubone licothozela phambili ngokungathi lithi, "Sendofane ndenze kambe."

1. Yintoni ebangela ukuba umkhweli-hashe abe neentloni?
2. Ihashe elisisifede lihashe elitheni?
3. Umntu kuthiwa usisifede xa sukuba kutheni?
4. Umkhweli uthanda ukuthambekela phambili xa sukuba kutheni?
5. Kukuthini ukuthi nquntsu-nquntsu?
6. Kukuthini ukucothoza?
7. Kukuthini ukuthi roqo ukubetha?
8. Ukumkhahlela phantsi umntu kukumthini loo mntu?
9. Yintoni ilizwi lemolo?



10. Eyona nto liyithandayo ihashe elinqenayo yintoni?
11. Lithini kwakuqalwa ukuncokolwa?
12. Libuye lithini zakuphela iindaba?
13. "Unotshe ukuba lisuke kuloo ndawo". Chaza oku ngamanye amazwi.
14. Mzamo mni owenziwa ngumkhweli emva kwencoko?
15. Zizinto zini ezitshawuzayo?
16. Umninilo ulibethelani eli hashe?
17. Lenzani ihashe elingacothoziyo?
18. Umntu ongesosifede ngumntu osukuba etheni?
19. Nika elinye igama elithetha into enye neli: *umganyana*.
20. Nika amagama achasene nala: *ukucothoza, phambili, ukugqiba, ngelikade*.

28 NOV 1969







